INTLANGULO NGAMANDLA

Enkosi, ngobubele. Molweni zihlobo. Yinyhweba ukuba lapha ngobubusuku, ukuthetha nani kwakhona eGameni leNkosi yethu ethandekayo uYesu Kristu. Kwaye kuhlala kuyinyhweba ukuhlangana nabantu bakaThixo, naphi na, nokuthetha ngelo Gama likhulu, uYesu.

2 Ngokuqinisekileyo ndiyayixabisa ingoma asandula ukuyicula umzalwana wethu. Oko, leyo yeyona ndiyithandayo. Ngomhla abazama ukumenza uYesu umprofeti nje, okanye indoda elungileyo, okanye umfundisi, oko ngenene kuvelisa ubuThixo Bakhe, into Awayeyiyo. Kwaye ndiyakholwa ukuba Wayengu . . .

3 Akuzange kubekho Mntu unjengaYe, emhlabeni, kungasayi kuze abekho. Wayengu Emanuweli. Wayengu Alfa, u-Omega; isiqalo nesiphelo; Lowo wayekho, ukhoyo, uya kuza; iNgcambu neNzala kaDavide; iKhwezi lokusa. KuYe kuhleli ubuThixo. KuYe kwakukho uThixo.

4 "UThixo wayekuNyana Wakhe, ekuKristu, elixolelanisa naYe ihlabathi." UYesu wathi, "AsindiM owenza imisebenzi, kodwa nguBawo waM ohleli kuM. Mna noBawo sibanye," UThixo ebonakaliswe, esenyameni. Esinjani sona ukumangalisa isityhilelo sothando lukaThixo kuthi, Wayeya kuzityhila kwaye ehle ahlale esenyameni yomntu, ukuze asuse isono nokugula eluntwini, aze asihlawulele abuyele kuBawo. Oko kuyamangalisa, akunjalo? Ngokuqinisekileyo siyayixabisa loo nto.

5 Ngoku, phezolo, ndiyaqikelela ukuba kuya kufuneka ndicele uxolo. Ndi . . . UBilly undifumene, ngokukhawuleza kancinane, phezolo, ngokuba ibiluhlobo lwe . . . Ndibe buthathaka. Kodwa loo mihlangano, oko kucalula, kwaye akukho mntu unokuze azi ukuba yintoni na leyo, ngaphandle kokuba nje . . . Umelwe kukuba ungene kuyo, ukuze uyazi, yabona. Akukho ndlela yokuzama ukuyicacisa. Akukho i—indlela ongayenza ngayo. Ngamava nje lawo—lawo kungekho mntu waziyo, kuphela abo badlula kuyo. Oko ikwenzayo kuhlanga loluntu, oko ikwenza emntwini, kukhupha kwa kanye ubomi kuye!

6 Ke, uphila kumahlabathi amabini. Usehlabathini *apha*, kwaye usehlabathini *phaya*, xa ukunye nomnye umntu, mhlawumbi kumashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo; kwaye usenokuba nomntu othile, iminyaka ukususela namhlanje, ezayo; kwaye uyaqonda ukuba umi eqongeni apha, kwaye uthetha into eyenzeka kwiminyaka emininzi eyadlulayo; mhlawumbi kwiiveki ezidlulileyo, kwiinyanga ezidlulileyo; esinye isizwe, enye indawo, okanye enye into. Emva koko uzame

ukuzigcina uthe tye, kuloo nto, nokucinga; ndiyakuxelela, iyinto ethile. Kodwa iNkosi isisikelele ukuza kuthi ga ngoku, kuyo, kwaye sonwabe kakhulu, kwaye siyathemba ngoku ukuba uThixo uyakufumana uzuko kwinkonzo.

7 Ngoku, kwi—iinkonzo ngokuhlwanje, bendicinga, ngeli lixa simbalwa nje abantu, sikunye; imihlangano yethu ipapashwe kuphela ekuhlaleni apha, kwaye yenzelwe nje abantu basekuhlaleni kuphela. Kwaye ngaphambi kokuba singene kwindawo enkulu yeentlanganiso, Bendicinga, namhlanje, ukuba ndingazama ukuba mhlawumbi ndifumane ezinye zeemfundiso zefashoni yakudala, eziphuma eBhayibhileni, ndizise ebantwini; ukuze xa isiganeko esikhulu sifika, ukuba uThixo uyasithumela kuthi, ngoko siyakukwazi ukusiqonda ngcono.

8 Ngapha koko, impiliso eNgcwele nje i—isisithiyelo kwihuku, ukubamba intlanzi, njengoko usazi. Yiyo kanye loo nto... Intlanzi ibamba isithiyelo ize ifumane ihuku. Ngoko oyena ndoqo wethu...Isiphetho sethu sinye sesokuba, imiphefumlo izuzelwe kuYesu Kristu.

9 Ukuba uThixo ukuphilisile ngobubusuku, ungaphinda ugule phambi kokuba ufe. Usenokugula kwakhona, kunyaka ukusuka ngoku, okanye kwiminyaka emibini ukususela ngoku; unokugula kwiveki ukusuka ngoku, okanye usuku ukusuka ngoku. Andazi. Kodwa kukho into enye eqinisekileyo, uzakulishiya eli hlabathi, kwezinye zezi ntsuku, kuba oku kupetshiwe nje.

10 Kodwa loo mphefumlo ukhe udibane noMoya oyiNgcwele uze uzalwe ngokutsha, unoBomi obunguNaphakade. Nokuba kwenzeka ntoni na apha, awusoze utshabalale. UYesu wathi, "Lowo uwevayo amazwi aM, akholwe nguLowo waNdithumayo," lixesha langoku, "uBomi obungunaphakade, akasayi kuza ekugwetyweni; kodwa uno," ixesha elidlulile, "wadlula ekufeni wangena eBomini." Loo nto ingasenza sonke thina maWisile siqalise ukukhwaza, (ayingekhe?) injalo loo nto, ukucinga loo nto, ukuba uThixo uyenzile loo nto. Ngoku, ayilolizwi lam elo; elo leLakhe, uYohane oNgcwele 5:24.

11 UYohane oNgcwele 6, uYesu wathi, "Lowo uyidlayo inyama yaM, alisele iGazi laM, unoBomi obungunaphakade; ndaye Mna ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela." Injalo lo nto. "Lowo uyidlayo eyaM inyama, alisele elaM igazi, uno," eli lixesha langoku, "uBomi obungunaphakade." Ngoku, oku "ngonaphakade," akusuki nje kwenye imvuselelo kuye kwenye, kodwa kuphumela kwinguNaphakade.

12 Kwaye ngoku, kwabanye kuni balungiseleli abahleli apha, nisazi ukuba oba "Bomi" bungunaphakade buvela kwa kwigama elinye elithetha ukuthi "uBomi bukaThixo." Igama elithi Zoe, igama lesiGrike, elithetha "uBomi Bakhe uThixo."

13 Ngoko, siba ngunyana okanye intombi kaThixo, inzala kaThixo, nenxalenye yoBomi bukaThixo kuthi. Asinakutshabalala njengoko uThixo engenakutshabalala, ukuba besizama. Ngoko, sinoBomi obungunaphakade; kwaye sizakuvuswa ngomhla wokugqibela. Oko kuyamangalisa? Loo nto ingenza amaBhaptizi, amaWisile, axhawule izandla akhwaze. Ingaba akunjalo? Ngokuqinisekileyo ingenza njalo. Injalo lo nto.

14 Leyo yinto entle malunga nenkolo yexesha lakudala. Yenza ukuba wonke umntu ahlale kunye kwaye athandane. Ngokuqinisekileyo yenza njalo. Isusa yonke iyantlukwano, yenza izidalwa ezitsha. Iya kwenza i—idyasi yetuxedo, ne ovaroli, bawolane ngeengalo zabo bathi, "Mzalwana, uqhuba njani?" Injalo lo nto. Ngokuqinisekileyo iya kwenza njalo. Iyakwenza ilokhwe yesilika, kunye necalico, babeke iingalo zabo kwaye bathi, "Dadewethu, ndiyakuthanda." Yiloo nto eyenzayo. Ngokuqinisekileyo iyayenza, iyawuchitha nje umahluko. "Isityebi okanye ihlwempu, ikhoboka okanye okhululekileyo, sonke sibanye kuKristu Yesu."

15 NgeCawe, emnqubeni, endibona kukho iqela lonke labantu bomnquba behleli apha, besine—besine—isifundo sesikolo sangeCawe kwi, "intlangulo ngegazi." Ndaze ndabhijeleka kakhulu kuyo, de ndiziva ngathi ndisekwenye indawo kwindawo ethile, kwi: *Intlangulo NgeGazi*.

16 Kwaye ngokuhlwanje, emva kokuba usapho lumkile kwaye luze apha kwangethuba, ukuza kuva inkonzo yengoma, nanjalo njalo, bendisegumbini. Kwaye kwabonakala ngathi . . . Ndaqalisa ukufunda eSibhalweni, ndaze ndafumana into ethile. Ndacinga, "Ke, ukuba iNkosi ithandile, ndizakuthetha ngaloo nto okwethutyana ngokuhlwanje."

17 Oko kukuthi, *Intlangulo NgeGazi,* ngeCawa. Ngoku, ngokuhlwanje, ndiza kuthetha kwi *Intlangulo Ngamandla*. Kwaye ngomso ebusuku ndizakuthetha kwi *Intlangulo Kwingqibelelo,* (ukuba uThixo uthandile, oko kukuthi), *NgoVuyo*. Ngegazi, ngamandla, nangovuyo; intlawulelo!

18 Kwaye ukukhupha oku . . . Ngoku, abantu abaninzi, njengoko kunjalo, izifundiswa ezifundileyo ziyakwazi ukutyhoboza zinike olu hlobo lwesityhilelo, mhlawumbi, ukwenzela *le*, okanye *leya*, okanye ukuphosa ezinye. Kodwa, mna, ndiluhlobo lomnye waba balapha uhlobo labangafundanga lwabashumayeli aba . . . Inye kuphela into endiyaziyo ukuyenza, ukuqinisekisa ukuba ndisondele kokulungileyo, nakanjani na, kukuya kwizithunzi. Ukuba ndiqalise ukuya ngaseludongeni, nokukhanya *kweli* cala, bendinoxela ukuba yintoni na, nje malunga nokuba bendikhangeleka njani; nokuba ndandilirhamncwa elinyawo-ne, okanye—okanye intaka,

okanye yayiyintoni na, ukuba ndibona ukuba luhlobo luni na lwesithunzi endisibonakalisayo.

19 Ngoku, iTestamente eNdala yayisisithunzi seTestamente eNtsha. Yayiyisisithunzi. Njengenyanga, kwilanga; ilanga elikhanya enyangeni, libonakalisa ukukhanya emhlabeni. Kwaye ndiyayithanda iTestamente eNdala! Izele nje yimizekeliso ngolo hlobo, okanye, njengoko inokuba njalo. Ngoku, okugqibeleleyo . . .

20 KwiGenesis, xa uThixo wenza i—ilanga, kuqala, inyanga elandelayo, laa nyanga nelanga zimele uKristu neBandla. Kanye njengokuba ilanga liphuma linamandla nobuqaqawuli balo; kwaye xana lisehla, libonakalisa ukukhanya kwalo enyangeni, ebumnyameni, ukukhanyisa emhlabeni xa ilanga limkile. UYesu, xa Wemkayo, Wangena eBuqaqawulini waza wabonakalisa ukuKhanya Kwakhe emva eBandleni; ukunika, iBandla, ukuKhanya kweVangeli ade Abuye, owu, bethu, baze ke batshate. Oko kuya kuba kuhle. Kuya kuba kukuKhanya okukhulu kwenyanga kunye . . . "IMvana ukukukhanya kwaso." Babengasafuni langa, eSixekweni.

21 Ngoku kumboniso omncinci, masibuyele emva kwi-Eksodus. Kwaye ndiyathemba ukuba anidinwa ndim ngokuthetha kwi-Eksodus.

22 Ngaxesha lithile, enkonzweni yam ngaphesheya komlambo, ndashumayela, ndiyakholwa, malunga nonyaka neenyanga ezintandathu, kuYobhi. Rhoqo ebusuku babebuya, bendiya kuthabatha nje indawana encinci kaYobhi, kwaye, ndiqhubeleka, sasiye siyenze iphelele eBhayibhileni.

23 Sonke iSibhalo siyathungelana kunye. Akukho kuphikisana kwiLizwi likaThixo. Hayi, mhlekazi. Yonke intwana, igqibelele! Ekuphela kweNcwadi eyakha yabhalwa ephefumlelwe ngolo hlobo, enokuthi ngokugqibeleleyo . . . Ibhalwe ngababhali abaninzi, kunye namakhulu amaninzi eminyaka ngokwahlukeneyo; kwaye ngamnye wabo, ngoMoya oyiNgcwele ethetha, iyathungelana kanye. Naso isizathu, kuzo zonke ezi ncwadi zongezelelweyo, iiMaccabees nezinto ezinjalo, ayidibani naLe, ngoko andiyamkeli. *Eli* liLizwi likaThixo, kum.

24 Kwaye omnye umfazi wandibhalela ileta wathi . . . Ndandishumayela; UYobhi kwimfumba yothuthu. Wathi, "Mzalwana uBranham, ubune, ubunoYobhi kwimfumba yothuthu malunga nexesha elaneleyo, awucingi? Ube ephaya malunga neeveki ezintandathu." Wathi, "Kutheni, uya kuze umsuse kwimfumba yothuthu?"

25 Ke, ndathi, "Xa uMoya oyiNgcwele eyeka ukutyhala aMazwi aphume phaya, Ndicinga ukuba kuza kufuneka ndiyeke ukuyithetha." Kodwa okoko Wandigcinayo ndithatha ngaye kwimfumba yothuthu, ke, ndahlala nje kanye kuyo; kwaye imiphefumlo isindiswa.

26 Ngoko, njengomvangeli, weza esixekweni. Washumayela, ngobunye ubusuku, washumayela ngenguquko. Ngobusuku obulandelayo, washumayela ngenguquko. Ngobusuku obulandelayo, washumayela ngenguquko. Emva kobusuku obune okanye obuhlanu, ibhodi yamadikoni yahlangana naye yaza yathi, "Mzalwana, awunakushumayela enye into ngaphandle kwenguquko?"

27 Wathi, "Owu, ehe. Mabaguquke bonke, kuqala, ndize ndishumayele ngenye into." Ngoko ke i—imbono elungileyo. Bona, bonke, bayaguquka, ngoko singashumayela ngenye into. Konke kulungile.

28 Okokubona kwangaphambili okuncinane ngoku, kwabo, okanye ngakumbi abo babengekho eMnqubeni kusasa ngeCawe. Sifuna ukubuyela emva kwisahluko se-12. Kodwa ingcamango yethu esisiseko ngokuhlwanje ikwisahluko se-14, siqala ngomqolo we-13 we-Eksodus. Ngoku, sishiye kwivesi ye-10, kusasa ngeCawe, ye *"intlangulo ngegazi."* Uninzi lwenu nonke niqhelene nebali, ndiqinisekile.

29 Ngoku siyazi ukuba sinokuwatsalela umva amagqabi ale Ncwadi, size siwaguqule la maphepha. Kodwa mnye kuphela Onokuvula iNcwadi, lowo nguYesu Kristu.

30 UYohane wayibona iNcwadi. Yayitywiniwe. "Kwaye walila ngokuba kwakungekho mntu eZulwini wayenokuYivula, akukho mntu emhlabeni, akukho mntu phantsi komhlaba. Kodwa kwakukho iMvana eyaxhelwa kwasekusekweni kwehlabathi, yeza yayithabatha iNcwadi esandleni sokunene saLowo uhleli phezu kweTrone, yawavula amatywina kwaye—kwaye yavula i—iNcwadi, yawakhulula amatywina ayo. Kwaye Wayefanelekile, kuba Wayebulewe kwasekusekweni kwehlabathi."

31 Masithethe naYe, ngobubusuku, kwaye simcele ukuba asivulele Yona kanye ngoku.

32 Ngoku, Bawo onobubele, onothando, siza kuWe, sithetha kuWe, kuqala, eGameni likaYesu. Siyathandaza ngoku, ukuba, njengokuba simi apha, sikhuselekile phantsi kolu phahla, ngobu busuku, apho eso saqhwithi sivuthuza ngaphandle, kuna imvula ejijayo nevuthuzayo, sinombulelo kakhulu ngokuba nendlu kaThixo ukuba singene kuyo. Kwaye sinombulelo kuba kukho inqaba, indawo yokusabela; Uthe, "IGama leNkosi yinqaba ende eliqele; amalungisa abalekela kuyo kwaye akhuselekile." Sivuya kakhulu kuba silazi iGama leNkosi, kwaye singene kuLo.

33 Ngoku siyathandaza ukuba Uyakusivulela eli Lizwi, ngobubusuku, Bawo. Wanga uMoya oyiNgcwele angangena eLizwini. Yalusa imilebe yesi sicaka sithobekileyo silusizi, neentliziyo zabo bayakuphulaphula, abantwana Bakho. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angathabatha nje aMazwi kaThixo aWabeke kuyo yonke intliziyo, kanye apho

Lifuneka khona. Sisikelele ngoku. Hlaziya iingqondo zethu, ngokuhlwanje, kuMoya Wakho. Fumana uzuko enkonzweni. Sindisa abalahlekileyo. Philisa abagulayo. Buyisela eKhaya abakreqileyo, Nkosi. Kwaye siyaKunika indumiso, ngokuba sikucela eGameni Lakho, loNyana Wakho oyintanda, uYesu. Amen.

34 Ngoku tyhilani kumqolo we-10 wesahluko se-12 se-Eksodus. Besifunda, *"intlangulo ngegazi,"* indlela awathi ngayo uThixo wamisela imvana ukuba ixhelwe kwindlu nganye, indlela kwakungayi kubakho nto iseleyo.

35 Imigwebo yayisele isiwa, kwaye umgwebo wokugqibela ngoku wawulungele ukuwa. UThixo wayeza kuzalisekisa iLizwi Lakhe, ngoko mbhalo. Kwaye yonke loo migwebo phaya kudala yayingumqondiso ogqibeleleyo, okanye umfuziselo ogqibeleleyo, wemigwebo elungele ukuwa ngoku.

36 Kwaye ukuba uyaqaphela, ngaphambi kokuwa komgwebo, ngoku abalungiseleli banokungavumelani nam kule nto, ilungile loo nto, kodwa ngaphambi kokuba umgwebo uqalise ukuyibetha iYiputa, uThixo wathumela uSirayeli eGoshen. BabeseGoshen, akwabakho sibetho kubo. Umzekelo ogqibeleleyo weBandla elathwalelwa ngaphaya, ukuphumela kwimbandezelo, yabona. Konke kulungile.

37 Ngoko kwisibetho sokugqibela esabetha umhlaba apho, okanye sabetha iYiputa, yaba kukufa. Nonke nina bafundi beBhayibhile apha, niyazazi izifundo zenu zesikolo seCawe nanjalo njalo, niyithabathile le nto, mhlawumbi, amaxesha amaninzi. Kodwa, ukufa kwaba lutshaba lokugqibela olabetha iYiputa.

38 Kwaye utshaba lokugqibela oluyakubetha ibandla ngoku kukufa, xa sithetha ngokwasemoyeni. Abo bangayi kumlandela uKristu, ku—kubhaptizo loMoya oyiNgcwele, baya koma ngokomoya bafe; amabandla, ningayibona ngoku. Emva kwezininzi, ezininzi ezinkulu iimvuselelo nabavangeli batyhutyha bagqitha ilizwe, kwaye, noko, ibandla, oko kukuthi, ukuthetha kwezopolitiko-lwebandla, kuya kusiba mandundu ngalo lonke ixesha. Amalungu alo aphila nangayiphi na indlela afuna ngayo, esenza nantoni na afuna ukuyenza, noko, bezibiza ngokuba ngamaKristu, kwaye bathi balungile.

39 Ukuba ngu*mKristu* kuthetha ukuba "NjengoKristu." Awuyi kwindawo obungenakufuna ukuba kuyo ukuba uKristu angafika. Ungathethi nto ongayi kufuna ukuyithetha xa uKristu efika. Ungenzi nto obungayi kufuna ukuyenza xa uKristu esiza. Ungacingi nantoni na ongayi kufuna ukuyicinga xa uKristu esiza. Gcina injongo yakho enye, intliziyo yakho igxile eKhalvari. Amen. "Hambani ekukhanyeni, njengokuba Yena esekukhanyeni, kwaye sinobudlelane omnye nomnye, kwaye iGazi likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, liyasihlambulula kuyo

yonke intswela-bulungisa." NgamaWisile lawo, amaBhaptizi, nathi sonke, ngokuhlangeneyo, kusenza sonke sibe banye kuYe.

40 Ngoku, okokugqibela, into yokugqibela yayikukufa. Kwaze phambi kokuba oko kufa kufika, kwabakho isicamagushelo esenzelwa oko kufa, kubo bonke abanqwenela ukukuphepha.

41 Kwaye kwabakho isicamagushelo phambi kwentshabalalo yokuqala, yehlabathi langaphambi konogumbe. UThixo wayenomshumayeli wobulungisa, uNowa, waze washumayela ikhulu elinamashumi amabini eminyaka, ukuze abantu bangene emkhombeni. Kwaye abo bala ngabom ukuhamba, kwakungekho nto iseleyo ngaphandle komgwebo.

42 Kwaye, namhlanje, umntu owalayo ukuhamba ekuKhanyeni kukaKristu, uyicekisile inceba, ngoko akusekho nto ngaphandle komgwebo. Kuko konke. Kukho icala lasekunene nelasekhohlo, linye kuphela onokuya kulo. Kwaye wenza ukhetho lwakho.

43 Ngoku, siyabona, phambi ko—kokwafika kobusuku obukhulu oboyikekayo, awayalelwa ngabo uSirayeli, kwaye sele siyithathile loo nto, yokuxhela imvana.

44 UThixo wayezisa ibandla Lakhe kwimfuduko, ukuze alikhuphe eYiphutha, alingenise kwilizwe ledinga. Ndiyayithanda lo nto. Babewela, ukuya kulidla ilifa ilizwe. UThixo wabanika umhlaba, ukanti wawubiyelwe wonke ngezakhiwo ezikhulu, ezikhulu neentango. Kwaye iindonga ezijikeleze iYeriko, iinqwelo zokulwa zazinokubaleka zijikeleze kuyo. Kwaye yicinge nje loo nto, okwangoku, uThixo wathi, "Ndiyinike nina. Yeyenu." Kodwa kwakufuneka bayicoce, bayicoca.

45 Kwaye yiloo nto uThixo ayenzileyo namhlanje. Uninike nonke ngabanye, abaLufunayo, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kodwa umelwe kukuba ungene, uLuthabathe, kuphelele apho; zicimeni iiyantlukwano, nizidilize iindonga, uze uqalise apho uLufumane.

46 Uthi, "Wathi umalusi, 'Asiyoyethu namhlanje.'" Hamba nje udlule kuyo. "Umama wathi, 'Ndiza kukugxotha umke ekhaya.'" Yiya kanye udlule kuyo. "Umyeni wathi, 'Ndiya kukushiya.'" Yiya kanye udlule kuyo. Kuko konke. Umelwe kukuba uhambe uLuthabathe! Kuko konke.

47 Impiliso eNgcwele yeyenu nonke. Wonke umntu kuni ohleli apha ngokuhlwanje, enomhlaza, ingxaki yentliziyo, nokuba yintoni na, uThixo uninikile idinga. Kwaye yeyakho, kodwa kufuneka uhambe uyithabathe.

48 Ngoku uthi, "Ke, andiziva ndilungile kakhulu." Loo nto ayinanto yakwenza nayo. Isithembiso sesakho. UThixo ukunikile. Suka nje ungene uwabulale amaFilisti, ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye. Kwaye wakhuphe onke

amaHivi na—nama-Amori, wabulale nje onke. Qhubeka ungene, yithabathe. Wathi uThixo, "Yeyakho. Hamba uye kuyithatha."

49 Kodwa Akazange athi, "Ngoku, ndiza kungena, ndiyitshayele yonke, kwaye ndinakhele izixeko ezintle, kwaye ndikubeke kwisitrato esilula." Ayenzi njalo.

50 Ukunika yona, kwaye unento omawuyenze. Ulungile ngokwaneleyo ukuba akunike umhlaba, wathi Uya kukunceda kwaye abe nawe. Hamba, yithabathe!

51 Kwaye ukuba uyagula, ngobubusuku, usisiqhwala, iimfama, isithulu, isimumu, nokuba uyintoni na; hamba, uyithabathe. UThixo wathi yeyakho. Yeyakho. UThixo ukunikile.

52 Wabaxelela ukuba Uyakubanika loo mhlaba. Wathuma iNgelosi phambi kwabo, ukuba igcine indlela, ibazisa endaweni wawukhona.

53 Jonga ezi ntlola xa zaya ngaphaya. Naku kusiza ishumi lazo, lathi, "Owu, asinakuyenza. Ayinakwenzeka. Kuba, siziinzululwazi, kwaye siyijongile loo nto. Ayinakwenzeka ngokwenzululwazi. Asinakuyenza."

54 Kodwa kwakukho abafo ababini, omnye wabo ogama linguYoshuwa, nomnye ogama linguKalebhi. Babengajonganga ukuba laliyintoni na icala lenzululwazi. Babejonge oko uThixo wakuthethayo. Bathi, "Singayenza." Kwaye oko kunjalo. Kwaye babuya nobungqina bokuba yayililizwe elihle.

55 Ndivuyiswa kakhulu ngobo bungqina, (aninjalo?) ukuba kukho iLizwe elihle ngaphezu kwethu nje! Kwaye sisendleleni yethu, ngokuhlwanje. Haleluya! Konke kulungile.

56 Naba babelapha, ngoku, kanye phambi kwentlangulo. UThixo wayefuna abantwana bakaSirayeli, ukuba babeya kukhuselwa ngokuqinisekileyo, baxhele le mvana. Kwaye babeke igazi kumphezulu womnyango, umphezulu wocango, *ngolu* hlobo, kwaye umgubasi ngamnye.

57 Kwaye kwakufuneka bangene bayidle le mvana, yonke intwana yayo; qaphela, yonke imvana, hayi nje inxalenye yayo. Yonke inxalenye yayo yayiza kudliwa.

58 Abanye abantu bathi, "Ndiza kuthatha nje *le* nxalenye, kwaye ndiya—ndiya kukholelwa *le* nxalenye." Kodwa umelwe kukuYithabatha yonke, yonke indawana yaYo. Yithi, "Owu, ndiyakholwa ukuba Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu, kodwa, 'ngemivumbo Yakhe,' andazi malunga naYo." SiYifuna yonke. Yonke inxalenye yaYo yodliwa; yonke into. Enye yaYo iba lukhuni, kodwa kufuneka siYitye, nakanjani na. UThixo watsho.

59 Qaphela umqolo we-10 ngoku.

Kwaye a—aniyi kuyeka nanye into yayo isale kude . . . kuse; nento eseleyo . . . *kwada kwasa . . . yotshiswa ngomlilo.*

60 Kwaye, ngoku, akuyi kusala nanye kuyo; yonke into. Ngoku, Wathi, “Xa uyitya, ungayityi ikrwada, okanye iphekiwe, kodwa kufuneka uyitye iphekwe kakuhle.” Kwaye ndiyayithanda loo nto.

61 Abantu bezama ukutya iLizwi likaThixo, baze baLithabathe ngokungathi Likrwada; baLihlafune, baze baLitshicele, nayo yonke enye into. Bathi, “Owu, andinako nje ukuLithabatha. AndinakuLimela.” ALiphekwanga ngokwaneleyo. Kuko konke.

62 Wathi, “Yipheke ngomlilo.” Umlilo umele uMoya oyiNgcwele. Ufaka uThixo entliziyweni yakho, kuqala, kwaye Iyakuphekela Lona. Kulungile oko. Yaphekwa yaphela, yagqitywa, yanongwa, yaze Yanencasa kakuhle.

63 Ngoku, awukwazi ukuma *ngolu* hlobo, ngaphandle, uthi, “Owu, a—andazi nokuba Yenzelwe mna na, okanye hayi. Oko kusenokuba ziintsuku ezidlulileyo.” Fumana nje uMoya oyiNgcwele, kuqala, ukhangele ukuba iyintoni na intsingiselo yempiliso eNgcwele kuwe ngoko.

64 Jonga ukuba inkolo ephuma entliziyweni ithetha ntoni kuwe ngoko, xa unoMoya oyiNgcwele apha wokupheka iMvana njengokuba Isiza. Amen. Kulungile oko. Pheka iMvana, kuqala. Kwaye kufuneka ube noMlilo wokuYipheka ngawo. Kufuneka yosiwe. Owu, bethu, kungelo xesha Ilungile. Yose Yona, itshisa nje yonke . . .

65 Ndandimi apha, kungekudala, ngakwisinyibilikisi esikhulu sokunyibilikisa, ndaze ndaqaphela indlela owawushushu ngayo laa mlilo, kwaye nje wapheka kwaye wapheka kwaye wapheka. Kwaye njengoko wawusiba shushu ngakumbi, i—intlenge esinyithini, egolideni, yonke yeza phezulu, kwaye bayicoca. Kwaye babeya kuwufudumeza umlilo kancinane ubeshushu kwisinyibilikisi. Kwaye xana oku kubila ngakumbi, baya kufumana ezinye izinto ezahlukeneyo, iipyrite nokunye, ngaphandle kwayo.

66 Eyokuqala eyavelayo yayiluthuli, njengothuli nodaka. Okulandelayo kwavela ii-ores ngathi, owu, into engalunganga; ezinye iisilivere ezikhawulezayo, nazo zonke ezi zinto, ziyenyuka, zize zicocwe ezo nto. Kwehlela, kanye ukwehla, kwaye into yokugqibela abayikhuphayo kuyo yayiyipyrite. Yigolide yesidenge leyo.

67 Uyazi ukuba zininzi izinto ebantwini abazama ukukhohlisana xa ungumKristu, okanye ukuzenza ngathi, nakanjani na. Yabona? Kodwa vumela uMoya oyiNgcwele ukuba abilise yonke into, khupha—ikhupha yonke igolide yesidenge kuwe, nayo.

68 Igolide yesidenge, abantu abaninzi baya eNtshona kwaye bafumana enye yayo, kwaye bacinga, owu, babetha umgodi wegolide. Ibengezela ngcono kunegolide. Kodwa yigolide yesidenge, ayinaxabiso kuyo.

69 Kwaye ngoku bayayipheka loo nto, bayicoce yonke, baqhubeke beyipheka bayipheke, ide ibe yigolide esulungekileyo, ibiliswa ide ingabi yinto ngaphandle kwekhulu lepesenti yegolide.

70 Kwaye yiloo ndlela uThixo enza ngayo eBandleni Lakhe, uthulula uMoya oyiNgcwele kuLo, Aze apheke apho ade Akhuphele ngaphandle konke ukuthanda kwehlabathi, neeyantlukwano, nokuzingca, nako konke oku, Ade ayibilise iphume kuye wonke umntu oza kuYe. Amen.

71 Ngoku, ke, ungayidla. Nantsi enye ingcamango entle apha, ku—kumqolo we-11.

> *Nize nenjenje ukulidla; kunye nezenu* (Phulaphula oku.) *izinqe zibhinqiwe*. . . (Ndiyakuthanda oko.) . . . *izihlangu ezinyaweni zenu,* . . . *intonga esandleni senu; niyidle buphuthuphuthu; yipasika kaYEHOVA.*

72 Ndiyakuthanda oko. Ngelixa utyayo, lungela ukuhamba. Lowo ngumba.

73 Masityhile ngaphaya kwabase-Efese, malunga nesahluko se-6 sabase-Efese, kwaye ukhangele apha into eyathethwa nguPawulos malunga nokulungisa iBandla; Isahluko se-6 sabase-Efese, siqalela kumqolo we-14 wesahluko se-6.

> *Yimani ngoko,* nibhinqe *inyaniso esinqeni senu,* . . . *ninxibe isigcina-sifuba sobulungisa;*
>
> . . . *nibophe ezinyaweni zenu ulungiselelo lweendaba ezilungileyo zoxolo;*
>
> Kwaye *ngaphezu* kweento *zonke,* thabathani *ikhaka lokholo, enithi ngalo nibe nako ukucima* . . . *iintolo ezinomlilo zongendawo*.
>
> *Kwaye yamkelani isigcina-ntloko sosindiso, nalo ikrele loMoya, elililizwi likaThixo:*

74 Bona uPawulos enxibisa indoda eya edabini, ukwenzela ukumatsha.

75 UThixo, ekuqalekeni, ekuhlanguleni uSirayeli, Wathi, "Ngoku kufuneka nilungiselele ukumatsha. Xana ungena ngaphantsi kwegazi, nxibani izihlangu zenu. Bhinqani izinqe zenu. Fumana umsimelelo wakho esandleni sakho kwaye ulungele ubizo." Ndiyayithanda lo nto.

76 Indoda ngoku, xa isiza kuKristu, inxiba izihlangu zayo zeVangeli, ukuze ishumayele iVangeli; inxibe isigcina-ntloko sosindiso; isigcina-sifuba sobulungisa; ibhinqa ezinqeni sayo. Kukho a . . .

77 Ngokuqhelekileyo, kumajoni akudala, xa enxiba ezo zihombiso zemfazwe, ayenebhanti elikhulu. Ayeyibophe kunye, ibambe ezinqeni zabo, la makhaka, ukuze bathintele imikhonto yotshaba. Esinjani sona isifundo esisiso kuthi! Kwaye xa

i—isinqe siqala ukuba buthathaka, sijinga phantsi, ikhaka, babeqinisa emabhantini abo, bawanyuse aqine kwakhona.

78 Onjani wona ukuba mhle umfanekiso namhlanje! Xa uqala ukuziva ngathi uyacotha, okanye umtyholi uthi, "Akusebenzi," fikelela phantsi kwaye uqinise ibhanti kancinci; rhola ikrele kancinci esandleni, uze uye phambili. Ndiyayithanda loo nto, yilungele imatshi.

79 Wonke umntu ohamba phantsi kwelo gazi, ngobo busuku, wayalelwa ukuba ahlale apho, angaphumi de kufike imiyalelo, ukuba bamatshe.

80 Kwaye wonke umntu ozelwe ngoMoya kaThixo, ongena kuKristu, unoBomi obungunaphakade; unxibe ikhaka lakhe, isigcina-sifuba sakhe, umi elungele, kwaye walelwe ukuba aphume de kube kuyalelwa ukuba amatshe.

81 Owu, akumangalisi? Anivuyi ukuba niyibophelele yonke, ngokuhlwanje, nina majoni?

82 Sasidla ngokuba nomkhokeli wengoma emnqubeni, ingoma engumxholo wethu ibisithi:

> Umlo uyaqhubeka, majoni angamaKristu,
> Ubuso ngobuso kuluhlu olungasemva,
> Ngokukhazimla kwezixhobo, imibala ihamba,
> Okulungileyo nokungalunganga kuqobisene namhlanje;
> Umlo uyaqhubeka, kodwa ungadinwa,
> Yomelela ubambelele ebugorheni Bakhe;
> Ukuba uThixo ungakuthi, nebhanile Yakhe phezu kwethu,
> Siza kucula ingoma yoloyiso ekugqibeleni.

83 Uninzi lwabo bangcwele bakudala baye engcwabeni. Kodwa ngolunye lwezi ntsuku, ngaphaya kwihlabathi elitsha, xana bephuma besiya kwiLizwe ledinga, ibhanile yomnqamlezo iya kuba phezu kwethu, kwaye siya kucula ingoma yomeyisi. Xana sihleli kwiSidlo sangokuhlwa soMsitho woMtshato ngobo busuku, sijikeleze itafile, laa tafile inkulu, mhlawumbi ikhulu lamawaka eemayile ubude, nabangcwele abahlanjwe ngeGazi behleli apho. Ndifuna ukwehlela ecaleni kwetafile ndixhawule izandla kuye ngamnye kubo, amen, ndikhwaza nje. Uyafuna ukundiva ndikhwaza? Linda ndide ndifike ngaphaya; ndibukele. Andikho mkhulu ngokwaneleyo, okwangoku, kule nto.

Kodwa, qaphela, ekumatsheni ngoku. Lungela. Siyahamba.

84 Nanku umfanekiso olusizi, ngaphambi kokuba singene kwisifundo sethu esiqhelekileyo, ufumaneka kumqolo wama-38 apho. Phulaphula.

Kwenyuka inkitha engumxube nemfuyo yabo . . .

85 Phaya kulapho uSirayeli wenza khona impazamo. Kwakwenziwe okungaphezu kwendalo. Abantu

abangaguqukanga balandela ngenxa yokungaphezu kwendalo, ekugqibeleni yabafaka engxakini. Kwaye ukuqhubeka ukwehla, siyakuqaphela apha, malunga nomqolo wama-42 nomqolo wama-43. Yathetha iNkosi kuMoses, yathi, "Akukho mntu ngaphandle kwabo babebingelelwe . . . bangadla idini," gxebe, "kodwa abo babelukile. Makungabikho mntu wasemzini, kungabikho bangaphandle, makungabikho mntu mabayithabathe kuphela lowo walukileyo."

86 Kwaye elinjani ihlazo esinalo namhlanje, ngalo mhla, bahlobo abathandekayo, ukuba xana, ebandleni, wonke umntu ongowebandla ethabatha umthendeleko, kwaye oko akulunganga, kuphela ngabo bahlangulweyo, ngabo bonke abafanelekileyo.

87 Wathetha u-Isaya, wathi, "Izithebe zeNkosi zingazala ngumhlanzo;" Wathi, "Ndiya kufundisa bani iMfundiso? Abalunyulweyo ebeleni." Wathi, "Ummiselo mawube phezu kommiselo; umgca phezu komgca; intwana apha, intwana phaya." "Kwaye ubambelele koko kulungileyo." UThixo ethetha, esazi ukuba umhla esiphila kuwo, ukuba ibandla liyakuba ngokwezopolitiko, bade bavumele yonke into, abantu, bangene; okoko babenamagama abo kwincwadi yecawa, babengamalungu, bathabatha umthendeleko.

88 Kwaye iBhayibhile yathi, "Lowo uwudlayo ayisele, engafanelekanga, unetyala lomzimba neGazi leNkosi."

UYohane oNgcwele, isahluko se-13, uYesu ethetha.

89 KwabaseKorinte beSibini isahluko se-11, uPawulos wathi, kwiminyaka kamva, ukuba, "Lowo utyayo aze akusele oku, ngokungafanelekanga, uya kuba netyala lomzimba neGazi leNkosi. Umntu makazicikide ngokwakhe," uthi, "ngaphambi kokuba athathe." Ndicaphula iSibhalo. Injalo nto. "Lowo udlayo, uselayo, ngokungafanelekanga, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi. Kwaye ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abafayo nabaswele amandla, banele nabalele ukufa." Qiniseka ukuba ume kakuhle noThixo.

90 Apha isesithunzini, ukuba, akukho namnye ngaphandle kowalukileyo! Akunamsebenzi nokuba wayenyaniseke kangakanani na, wayelinceda kangakanani na ibandla lamaJuda; kwafuneka abe ngumqukeli kwenye inkolo, wayemelwe kukuba abe likholwa elalukileyo ngenene, phambi kokuba abe nokuthabatha umthendeleko, okanye atye ipasika. Owu, sihambe kude kangakanani emgceni namhlanje!

91 Ngoku masihambe ngokukhawuleza, ngoko. Kwaye uThixo wabakhupha ngobu busuku . . . Ngoku sityhila kwivesi ye-13 yesahluko se-14.

92 UThixo wabanika iNtsika yoMlilo ukuba ihambe phambi kwabo. Ndiyacinga ukuba bebenawo umfanekiso apha,

ngokuhlwanje. Kwaye nditsho ngentlonipho. Ngokoluvo lwam olunyanisekileyo, ngeli thuba silapha kweli qela ngokuhlwanje, ndiyakholwa ukuba Oko kukunye nathi ngokuhlwanje. Kwaloo Ntsika yoMlilo inye yakhokela abantwana bakaSirayeli, ihamba phambi kwethu, isenza kwaloo miqondiso nezimanga. Kwaye nawuphi na umfundisi apha, okanye isifundiswa seBhayibhile, siyazi ukuba iNgelosi eyalandela uSirayeli kwaye yabakhokelela kwilizwe ledinga, yayiyiNgelosi yoMnqophiso, eyayinguYesu Kristu.

93 Kwaye, namhlanje, "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade" ulandela phambi kweli qela enifuna ukulibiza ngokuba ngabaqengqeleki abangcwele, ukuba niyafuna. Konke kulungile. Iqhubela phambili, ikhokelela ukusuka ekoyiseni ukuya kuloyiso! Makabongwe uThixo!

94 Kuzo izizwe, ngaloo mihla, babedeliwe bathiywa baliwa, kwaye baliwa ziintlanga, kwaye babiza yonke into.

95 Ke yilonto namhlanje, ngekholwa lenene. Nina, emabandleni enu, niyazi, xa nimmela uKristu kwaye nithethela iNyaniso, ibandla liphela lithi, "Mjonge! Ulahlekelwe yingqondo. Uphambene." Yabona?

96 Musa ukuhoya loo nto. Landela phambili. Nonke nixhobile ngoku. Kwaye iGazi lihamba phambi kwenu; nguMoya oyiNgcwele onikhokelayo. Qhubekani nje nihamba. Musa ukuhoya into ekungekho mntu ukuxelela yona. Khangela ngqo eKhalvari, uze uqhubele phambili. Uhlobo oluhle!

97 Ngoku, babephumile, bagqitha, baza bafumana . . . Kwaye ngoku qaphela, ukuhlangulwa ngegazi kwabakhupha eYiputa, ngoku kwakufuneka babe nento eyenye ngoku enokubathatha bawelele bangene emhlabeni. Ngoku bayaqalisa ukuqala. Babephumile, bolukile, beza phantsi kwegazi, kwaye besekumatsheni. Ngoku babengena kwinto ethile. Babehamba apho, besazi ukuba badlule ekufeni bangena ebomini; babesazi ukuba babenoBomi obunguNaphakade.

98 Kodwa balapha, benyuka beza ngoku, kwaye kunzima ukuqala ukuphakama. Nanku umkhosi kaFaro usiza, ubasukela, ukuba ubathabathe. Ingxaki ingenile.

99 Phulaphula! "UThixo uligwiba, namandla ethu, ufumaneka eluncedo ngexesha lengxaki." Owu, ndiyathemba ukuba uyayibona le nto. Yabona? Nantsi. Yazi . . . Kodwa, phulaphula, umqolo we-13 ngoku.

Wathi uMoses ebantwini, Musani ukoyika, . . .

100 Ndiyakuthanda oko. Emva kokuba uYesu evukile kwabafileyo, amazwi Akhe ahlala ehleli, "Musani ukoyika."

101 Oko koko kuyingxaki ngeBandla namhlanje, kukoyikela ukufa ukuba uya kwenza ukusilela. Ungasilela njani xana ukuKristu? Awunako ukusilela. UnoBomi obungunaphakade.

Zonke iidemon esihogweni azikwazi ukukugungqisa. UnoBomi obungunaphakade. Watsho uYesu. Ngoko musa ukoyika ukungaphumeleli.

102 Uthi, "Ke, ndiyoyika ndiza kuba ngumbaxi." Ndingathanda ukuba nokubaxa okuncinane kunokuba ndithule ndingenzi nto. Ngokuqinisekileyo ndingenza njalo. Umntu oya kwenza into ethile . . .

103 Kuxelwe ngoBallard apha phezulu, umfo weza kufuna umsebenzi kuye, kwaye wathi, "Tyikitya igama lakho apha." Wathatha ipensile yakhe, ukuba atyikitye. Wathi, "Iphi i-rubber yakho yokucima?"

Wathi, "Hayi andi . . . zenzi iimpazamo."

Wathi, "Andikwazi ukusebenzisa wena; awuzukwenza nto."

104 Injalo lo nto. Awuzenzi iimpazamo, awenzi—awenzi nto. Masihambe, mzalwana. Phakama kwaye uhambe. Ndiyamthanda uLongfellow apho:

> Ungandixeleli, ngezijwili,
> Ubomi liphupha nje elingento!
> Kwaye umphefumlo ufile oleleyo,
> Kwaye izinto azikho njengoko zibonakala.

Wathi:

> Ewe, ubomi buyinyaniso! Kwaye ubomi bunyanisekile!
> Ingcwaba asiyiyo injongo yabo;
> Uluthuli, ubuyela kwaseluthulini,
> Akuzange kuthethwe ngomphefumlo.
>
> Masivuke kwaye senze,
> Ngentliziyo ukwenzela yonke imbambano;
> Musa ukuba njengeenkomo ezizizidenge, eziqhutywayo!
> Yiba ligorha!

105 Musa ukulinda ukuba abantu bakucenge kuKristu. Yima njengendoda okanye inenekazi, maMmkele, uhambe uye phambili ngoloyiso. Amen. Nantso into ayifunayo uThixo, amajoni arhabaxa, alungeleyo. Usenokungabi, ubunzima bekhulu elinesihlanu leeponti, kodwa usenokuba bomvu, mzalwana, kwaye uzele ngamandla, ukuba nje uyakuvumela uThixo abe nendlela Yakhe. Ndibone indoda eyayinobunzima obungamakhulu amabini eeponti, kwakungekho nesuntswana lomntu phakathi kubo. Injalo lo nto. Konke kulungile. Qaphela.

> . . . *Wathi uMoses ebantwini, Musani . . . ukoyika, yimani ngxi, nilubone usindiso luka* YEHOVA, . . .

106 Ilungile lo nto. Matsha nje uqhubeke. Musa ukoyika nantoni na. Ukuba umamkele uKristu njengoMsindisi wakho, qhubeka.

107 “Mzalwana uBranham, ndifuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.” Qhubeka nje ushukuma. Musa ukoyika.

108 Uthi, “Ndiyagula ngoku, Mzalwana uBranham. Andikwazi ukuya phambilana kangako.” Musa ukudinwa. Qhubeka nje ushukuma; luboneni usindiso lweNkosi yethu! Yamkele. Qhubekeka nje.

109 “Izakuba njani? UGqirha undijikisile.” Ngoku, umfo wenze konke okusemandleni akhe, kodwa uThixo akakenzi ngako konke Kwakhe. Injalo lo nto.

110 Umzuzwana nje, mphulaphule ngoku. Konke kulungile.

> *. . .uYEHOVA, aya kuni*bonisa *yona namhla: ngokuba amaYiputa (abacikidi,* nyaniso-. . .umenzi wenkathazo). . .

111 Yithi, “Mzalwana uBranham, ukuba nje bendinokuyeka ukutshaya! Ukuba bendikubeka phantsi ukusela! Ukuba bendinokuyeka ubusela bam! Ukuba nje bendinokuyeka ukwenza kwam *oku*, *okuya*, kunye n*okunye*.” Musa ukudinwa. Hamba nje uqhubeke. UThixo uyakuyilungisa yonke into.

112 “Ukuba bendisazi ukuba ndingayenza loo nto, Mzalwana uBranham, bendinokumamkela uKristu khona ngoku.” Sukuba nexhala. Qhubeka. Qhubeka nje. Uya kulubona usindiso lweNkosi!

> *. . .kuba amaYiputa lawo niwabonileyo namhlanje, anisayi kuphinda niwabone naphakade.* (Amen. Kuya kulungiswa, emva komzuzwana.)
>
> *UYEHOVA uya kunilwela, ke nina niya kuba yimfazwe. . .thula.*
>
> *Wathi uYEHOVA kuMoses, Yini na ukuba ukhale kum? thetha kubantwana bakaSirayeli, ukuba baye phambili:* (Ndiyakuthanda oko.)

113 Ungazami ukuthi, yithi, “Ke, ndajoyina inkonzo, kwiminyaka elishumi eyadlulayo, Mzalwana uBranham. Bendililungu elithembekileyo elilungileyo.” Kulungile oko; ndiyayibulela loo nto. Kodwa masiqhubele phambili, ngobu busuku. UThixo uqhubela phambili. Abantu namhlanje, apha, bayabuyela emva, bathi, “Kulungile, ngoku. . . ”

114 Inzululwazi, kwikhulu elinamashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo; Kwakukho inzululwazi eFransi, eyathi, “Ukuba umntu wakhe wahamba ngesantya esoyikekayo seemayile ezingamashumi amathathu ngeyure, udontso lomhlaba lwaluya kumsusa emhlabeni, kwaye wayeya kumnka.” Huh! Iimayile ezingamashumi amathathu ngeyure? Uhamba malunga neshumi elinesithandathu lamakhulu eemayile ngeyure ngoku. Awukhange uve inzululwazi ibhekisa emva kuloo mfo. Wayelungile ngomhla wakhe, kodwa baphila komnye umhla. Injalo lo nto.

115 Kodwa, thina bashumayeli, owu, hayi. “Impiliso yobuthixo? Ngoku mandibone ntoni—oko kwathethwa nguMoody oNgcwele, uFinney, uKnox, uCalvin, abanye babo ngaYo.” Babelungile ngemihla yabo. Kodwa siqhubela phambili, siya phambili. Sifumene enye into.

116 UYesu wathi, kumzekeliso apho, womhlwayeli, xana umhlwayeli waphumayo wahlwayela imbewu. Kwaye abanye . . . Utshaba lwajikeleza lwahlwayela ukhula kwingqolowa. Wathi, “Mazikhule zombini.”

117 Uhlala usalatha indlela ihlabathi eliya likhohlakela ngayo, kodwa uyasilela ukubona indlela iBandla eliya lisibanamandla ngayo, kwangaxeshanye. Liyaphakama, lime entsimini. Owu, Lingumhlambi omncinane, kodwa, mzalwana, uThixo unaLo. Kwaye Lizakoyisa ngokuqinisekileyo njengokuba uKristu wavukayo kwabafileyo. Amen. IBandla likaThixo alinakuze lisilele. “Amasango elabafileyo akayi kuLoyisa.” Kubonisile ukuba ayakuchasa, kodwa akanakoyisa. IBandla liya koyisa, ngeGazi likaYesu Kristu, ngomngcelele woloyiso. Ndiqinisekile ngale nto inye, yokuba uThixo uyakuba neBandla elingenabala, mibimbi, nasiphako. Amen. Ndonwabe kakhulu ngaloo nto.

118 “Ngoku, ukuba ndikwela Bandla, amen! Mzalwana uBranham, ungena njani kuLo? Ngeleta?”

Hayi.

“Ungena njani kuLo?”

NgokuZalwa, uzalelwe kuLo!

119 Ndibekusapho lukaBranham, iyakuba yiminyaka engamashumi amane anesihlanu, ngomhla wesithandathu kulo Apreli uzayo, kwaye abazange bandicele ukuba ndijoyine usapho lwabo. Ndazalwa ndinguBranham. Ndiyakuhlala ndinguBranham.

120 Ndazalwa ndingumKristu, kuYesu Kristu. Ndiyakuba ngumKristu, kuba uThixo uyimisele njalo, ngolonyulo. Wasibiza, ngobabalo loNyana Wakhe oyintanda. SaMamnkela safumana uBomi obunguNaphakade. “Ngokuxhawula isandla kube kanye”? “Ngobulungu obunye”? “Ngeleta enye”? “NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye, uYesu Kristu,” kwaye phaya siba ngabemi boBukumkani kunye nabo.

121 Bendicinga namhlanje, njengoko bendingekho ndithandaza, ukuba ingathini lena ukuba iyimini ekuya kufuneka siphendule ngayo. Andiyi kufuneka ukuba ndiphendule ngenxa yesizukulwana esasiphambi kwam, okanye isizukulwana esiya kubakho emva kwam. Kodwa, eMgwebeni, ndimelwe kukuma nesi sizukulwana. Ndaye ndathi, “Jonga apho, umfanekiso womfazi kuphawu, ukusela ibhiya, into eyenye, wathi waye ‘ngenakuphefumla,’ okanye into ethile.” Ndathi, “Ewe, kunye

noBomi obungekhoyo, kananjalo." Kulungile. Nantso ke. Ndathi, "Elinjani lona ihlazo!"

122 "Ngako konke ukushumayela," Ndathi, "ngamanye amaxesha kubonakala ngathi," Ndamxelela umfazi wam, ndathi, "ngamanye amaxesha kubonakala ngathi ayenzi nanto ilungileyo. Kodwa ndimelwe kukuba lilizwi lesilumkiso, nakanjani na, nokuba abantu benza ntoni na ngaloo nto. Ndimelwe kukushumayela iVangeli, nakanjani na, ndinike ubungqina ngovuko nangaMandla kaYesu Kristu." Mabawushiye, bawunikele umhlana; UThixo uya kubagweba ngoMgwebo ngenxa yoko. Ndinoxanduva lokushumayela kuphela, kunye nabanye abalungiseleli nabo, abashumayela iVangeli.

123 Ngoku, ndiyaLithanda nje. Qaphela, "Yiya phambili ngoku," yaye uya kububona ubuqaqawuli bukaThixo. Kodwa, mamela, umqolo we-16 ngoku. Sifunda oku.

Kodwa phakamisa . . . phezulu i*ntonga,* . . .

124 "Intonga," leyo yayiyintonga yomgwebo. Ngoku, yayingeyontonga kaMoses. Leyo yayiyintonga kaThixo. Ukuba uyakuqaphela, uMoses, wathabatha laa ntonga, wayiphakamisela phezulu *ngolu* hlobo, iintakumba zeza. Wayibamba phezu kwamanzi, ajika aba ligazi. Yayiyintonga yomgwebo kaThixo. Kwaye kwaloo ntonga inye . . . Yifumane! Kwaloo ntonga inye wayebetha ngayo iliwa; kweza imfanta ecaleni yeliwa, aza aphuma amanzi eliweni.

125 Ngoku, elaliwa lalinguKristu, kwaye yayingumgwebo kaThixo. "Mhla uthe wadla kuwo, uya kufa ngaloo mini." Wambetha uKristu eKhalvari, wahlawula oko kukrakra, ukufa okungcungcuthekisayo. Akukho mntu, wayengenakuyichaza into eyayiyiyo, okanye akusayi kuze. Phaya uThixo wabeka yonke imigwebo yobuThixo phezu Kwakhe, waza waMbetha ecaleni, xana ecaleni Lakhe kwaphuma amanzi neGazi noMoya, ukwenzela intlangulo yethu.

126 Indlela abantu abawuzoba ngayo umfanekiso Wakhe, ngelinye ixesha, beMbhijela ingubo, okanye into ethile eyenye, emnqamlezweni. Oko akunjalo. Bayichitha loo Ndoda, ngayo yonke into engcolileyo, ekrwada ababenakho; kodwa Yayimelwe kukuba ibe njalo. Nankuya Wayekho, ongoyena uphakamileyo nongoyena unyanisekileyo kulo lonke ihlabathi, owakha wabakho okanye oyakubakho. Kwaye ehlutyiwe, eze, emnqamlezweni; enzakele, ebethiwe, esopha; izikhohlela zamathe entlekisa zijinga ebusweni Bakhe; isithsaba sameva esiyintlekisa entlokweni Yakhe. Kodwa phaya kuxa Wakoyisayo ukufa, isihogo, isono, ukugula, nengcwaba, waza wahlawula ixabiso lethu sonke.

127 Kudla ngokuthiwa, ngamanye amaxesha, "Kulapho Waluthabatha khona walukhupha ulwamvila lokufa." Kulapho uPawulos wathi, "Luphi na, kufa, ulwamvila lwakho?"

128 Ndiye ndaxelelwa ukuba izinambuzane ezininzi, iinyosi nezinto, zinolwamvila, kwaye ziyityhefu, ngalo. Kodwa ngasihlandlo sithile zihlabayo, ziphulukana nolwamvila lwazo.

129 Ukufa kwaba nolwamvila kuko, ngaxesha lithile; kodwa uKristu, eKhalvari, waluthabatha ulwamvila walukhupha ekufeni. Haleluya! Owu, xana ndicinga ngayo! Phaya Wakhupha ulwamvila ekufeni, esenzela mna nawe, lonke ulwamvila lokufa.

130 UPawulos wathi, xa babeza kumnqumla intloko, entolongweni yaseRoma, wathi, "Kufa, luphi na ulwamvila lwakho?" Walatha emva eKhalvari, kwaye kulapho ulwamvila lwakhutshwa khona ekufeni. "Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho?" Wathi, "Kodwa makubulelwe kuThixo osinikayo uloyiso olo, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu." Amen. Konke kulungile.

> . . .i*ntonga* (isigwebo), kwaye wayolu*lela* . . . gubungela *u—ulwandle, waza walahlula: kwaye abantwana bakaSirayeli baya* kuwelela *kumhlaba owomileyo phakathi kolwandle.*
>
> *Kwaye mna, yabona, ndiya kuzenza lukhuni* intliziyo *zamaYiputa, kwaye aya ku*ni*landela: kwaye ndiyakuzizukisa ngoFaro, nangempi yakhe yonke,* na*phezu kweenqwelo zokulwa, naphezu* kwa*bakhweli mahashe.*
>
> *Kwaye amaYiputa ayakuyazi ukuba ndinguY*EHOVA,* kwaye *ndizifumanele uzuko phezu koFaro, naphezu keenqwelo zakhe zokulwa, naphezu kwabakhweli bamahashe bake.*
>
> *Kwaye ingelosi kaThixo, . . .*

131 Phulaphula! Qinisa intambo ngoku. "Kwaye iNgelosi kaThixo, eyahamba phambi komkhosi wamaSirayeli," Iselapha.

> . . .*ingelosi kaThixo,* eya*hamba phambi kweminquba yamaSirayeli, yesuka yaza yaya ngas*emva *emva kwabo; kwaye umqulu welifu wahamba phambi kobuso babo, wema emva kwayo:* (okanye, wenyuka ukusuka *apha*, wema *apha* emva; uphakathi ngexesha lembandezelo.)

132 Xana inkathazo iqala ukujongana nawe, ukugula kuso sonke isandla, inkathazo, iNgelosi kaThixo iyafika, iphuma phakathi kwakho nesigulo ime apho endleleni, ikucela umngeni ukuba uthabathe iLizwi likaThixo.

133 UThixo wayenike uSirayeli idinga, lokuba bayakungena elizweni. Kwakukho isigidi, mhlawumbi, sendoda, eyayisiza, ukubasukela kwaye ibanyathele phantsi, kwaye ibanqumle, njengeqela lezilwanyana. Kodwa iNgelosi yeNkosi, Eyayilapho

ukubathwala ibase kwilizwe ledinga, Yesuka eminqubeni, yaya yema phakathi kwabo nengozi.

134 Haleluya! Usayenza nangoku. Uya kwenza indlela. Owu, ndiyaMthanda nje ngaloo nto, akunjalo? Uya kwenza indlela kuye wonke umntu ogulayo ohleli apha ngoku. Sele eyenzile indlela, kwaye Umi phakathi kwenu nenkathazo.

135 Kwaye ndiyazi ukuba Ulapha kanye ngoku. Ungandibiza umbaxi ukuba uyafuna; Andinaxanduva ngento oyithethayo. Kodwa ndinoxanduva ngento endiyithethayo, phambi koThixo. Kodwa Lowo wabakhokelayo abantwana bakaSirayeli, ukuba bendigwebe ngokufanelekileyo, ngoko kuKhanya nikubonayo ngobu busuku, okanye nikubonileyo kula mfanekiso. Ndicinga ukuba bayikhuphile ngokuhlwanje. Laa Ngelosi inye kaThixo ikwesi sakhiwo khona ngoku, ukwenza kanye oko wakwenzayo uYesu ngaloo mhla, Ilapha ukuqinisekisa, kanye oko Yakwenzayo ngoko, Ikho ngoku, kwaye iyakuhlala iyinto enye. INgelosi kaThixo, inyuka ukuya kuma phakathi kwethu nokugula, ukuma phakathi kwethu nokufa.

136 Akumangalisi ukuba uDavide wathi, "Nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, Andiyi koyika bubi: ngokuba unam Wena." Ngokuqinisekileyo.

137 Imile phaya, iNgelosi kaThixo yaya phambi komkhosi wamaSirayeli, yaza yesuka, yaya kuma phakathi kwabo notshaba.

138 Kwaye iNgelosi kaThixo imi, ngokuhlwanje, phakathi komntu ngamnye apha notshaba. Ndiyayazi le nto ndithetha ngayo. Ndiyazi, ngelixa ndimi apha ngoku eqongeni, phambi kweli qela lincinane labantu ngokuhlwanje, Ndiyazi ukuba uThixo uzithobile, esihla evela eBuqaqawulini, kwaye emi kwesi sakhiwo ngoku. Ukuba unokude nje ube nobuganga bokuphuma ume eLizwini likaThixo, ubone ukuba Akayi kusuki eme phambi kwakho na. Bukela.

139 Yaze Yangena phakathi kweminquba namaYiputa. Iyeza phakathi kwakho nesigulo sakho. Imi phakathi kwakho nezono zakho, kanye ngoku. Ngokuba? Sikwimfuduko yeBandla. IYiphutha yayisoloko ibizwa ngokuba lihlabathi, naxa uSirayeli waphumayo . . . Khumbula, babengamalungu ebandla phaya ezantsi. Kodwa emva kokuba igazi nocamagusho lwenziwe, baba ngabalukileyo bakaThixo.

140 Kwaye ulwaluko, namhlanje, lubhaptizo loMoya oyiNgcwele. "Konke," wathi uStefano, "Nina nonke bangalukileyo ngentliziyo, nangendlebe, yini na ukuba nisoloko nimchasa uMoya oyiNgcwele? njengoko benza ngako ooyihlo, nani ninjalo;" UMoya oyiNgcwele walusa entliziyweni, enqunqa esusa izinto zehlabathi. Yayikade ilibandla lobungcwele lakudala laphila ngayo, lenza njengalo, liphila njengalo. Kodwa,

namhlanje, lifana nje nehlabathi liphela. Lihlazo. Sehlisa imivalo.

141 UMzalwana omdala uSpurgeon wayedla ngokuthi, umshumayeli omdala waseWisile umhlobo wam, wayedla ngokucula iculo:

Sehlise imivalo, sehlise imivalo,
Salalanisa nesono.
Sehlise imivalo, iigusha zaphuma,
Zingene njani iibhokhwe?

142 Ngenxa yokuba nehlise imivalo! Yiyo leyo. Nehlise umgangatho wokuphila kobuKristu, kuba izikolo zakwalizwi ziqandusele abashumayeli abambalwa zaza zabathumela ezantsi ukuya kulalanisa neNyaniso. Kodwa uMoya oyiNgcwele usoloko ekho ukuze asigwebe isono, kwaye ngobubusuku umi phakathi kwekholwa nezinto zehlabathi. Amen.

Kwaye yeza phakathi kwminquba kunye *nama Yiputa, neminquba yama Sirayeli; kwaye ililifu lobumnyama kubo, kodwa labakhanyisela ebusuku kwezi: ngokokude bangasondeli omnye ubusuku bonke.*

143 Khangela, kwaloo nto inye yayinikwe *eli* qela lamakholwa, ukuKhanya, yayi*ba*mfamekisa.

144 Kulungile, nxiba iibhatyi zakho ezikhuselayo ulothuko. Nantsi isiza. Khangela, wonke umntu owala ukuKhanya uyamfameka aze ahambe ebumnyameni ngokuba akakwamkeli ukuKhanya. Amen. UThixo uthumela abalungiseleli ukuba bashumayele iVangeli. Uthumela imiqondiso nezimanga phakathi kwabantu, ukuze aLingqinele ukuba liyiNyaniso; kwaye abantu bayaLigatya, akukho nto iseleyo ngaphandle kobumnyama kuwe. Hamba ekuKhanyeni ngeli thuba ukuKhanya kukhanya, mzalwana wam. Yamnkela ukuKhanya. UKristu ukukuKhanya. Uze kuzisa ukuKhanya kuwe. Kodwa abo bakuphikisayo ukuKhanya bafumana ubumnyama. Kwaye yonke indoda nomfazi, ngokuhlwanje, owala ukuKhanya, uhamba ebumnyameni, engazi apho aya khona. Uyagxadazela phaya ngokulungileyo kancinci, edumile ebantwini, kodwa uyamangala ukuba umi njani na eBukhoneni bukaThixo.

145 Yiqaphele! Enjani yona ukumangalisa into apha! WayekukuKhanya komnye, waza wababubumnyama komnye. Ngoko ke, emva kokuba uMoses ethandazile, babenakho ukulala ngoxolo. Ngoku khangela.

Waze wasolula uMoses isandla sakhe phezu kolwandle; waze uYehova wenza ulwandle lubuyele emva ngomoya wasempumalanga onamandla bonke obo busuku, walwenza ulwandle lwaba ngumhlaba owomileyo, namanzi ohlulwa.

Baze bangena abantwana bakaSirayeli elwandle phakathi phezu komhlaba owomileyo:. . .

146 Ukuba uyaqaphela, ngeli thuba abantwana bakaSirayeli, ababephume ebumnyameni baza bamkela ukuKhanya, bathi bakungena engxakini, ukuKhanya kwajika kwabuya. Balala ke ubusuku bonke. Kwathi ke xa babelele, uThixo wathumela umoya, uvuthuza ezantsi elwandle, wavula indlela yokusaba.

147 Haleluya kuyo iMvana! Ndivuya kakhulu ukuba ndizaliswe nguMoya oyiNgcwele, ngokuhlwanje. Ngelixa sileleyo, sivuya, siphumle kwidinga likaThixo!

148 UThixo wabathembisa, ukwenza indlela yokusinda. Kwaye ngeli thuba babephumle kwesi sithembiso, uThixo wayesezantsi phaya, phambi kwabo, evula indlela.

149 Yonke indoda nomfazi, ngokuhlwanje, oyakwamkela uYesu Kristu ngaloo mihlaba; uMoya oyiNgcwele, ngelixa uleleyo, ngelixa uphumle kwisithembiso Sakhe. Mhlawumbi usisiqhwala; mhlawumbi uyimfama; mhlawumbi akuva; mhlawumbi awuboni; mhlawumbi uyagula; ingxaki yentliziyo, umhlaza, okanye enye into, usifa. Yamnkela ukuKhanya, ngokuhlwanje, kwaye uphumle phezu kwaKo.

150 Kwaye umoya, usiza njengomoya ovuthuza ngamandla ngeMini yePentekoste, uya kuhla udlule apho kwaye ukuvulele indlela, haleluya, ukuze udlule kanye kuloo ntlambo yokugula, ubuyele kanye kwilizwe lempilo kwakhona. Uyakudlula kanye kwelo lizwe libandayo, elisesikweni, elibotshelelweyo, leenkolo ezingakhathaliyo; ukuya kwintliziyo evuyayo, egcobayo, ezele luvuyo, izele nguMoya oyiNgcwele.

151 UThixo ubonakalisa amandla Akhe, kwaye wayewabonisa. Uxolo, ndiya ndikhwaza kakhulu. Ukubonisa intlangulo ngamandla. Wabonisa igazi emva phaya, kwinto enye. Wawabonisa amandla Akhe apha, ngeGazi Lakhe, ngentlangulo. Wawabonisa amandla Akhe okusinda ekufeni, ngegazi. Wabonisa amandla Akhe okwenza indlela yokuqhwesha, ngentlangulo ngamandla.

152 Kwaye, namhlanje, nina bamnkeleyo, amen, nina balamnkeleyo iGazi likaYesu Kristu, ukunihlambulula esonweni, amandla oMoya oyiNgcwele alapha ukunikhokelela kubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Amandla kaThixo alapha ukuniguqula ukusuka ekuguleni ukuya empilweni. UThixo, eqhubela phambili, kwimfuduko yeBandla Lakhe! Liza kungena ukutyatyambeni, apho uThixo ayakuhlanganisa, emva kwethuba, ukhozo Lwakhe. Iyamangalisa, ukuphuma ebumnyameni, ukuya ekuKhanyeni okumangalisayo! Indlela esikuthanda ngayo oko! Ndenza njani! Oko kuthetha ntoni emphefumlweni wam, ngokuhlwanje! Zihlobo, wena. . .

153 Bendincokola nendoda namhlanje, esanda kundikhawulela ndisaphumile. Yaze yathi, "Ndikhe ndazama ukuxelela abantu."

Yathi, “Nditshintshe kakhulu, Billy, oko wawusengumntwana.” Yathi, “Ubudla ngokudlula uze undixelele, kwindawo yam yoshishino, ukuba ndifanele ukuzilungisa kuThixo, Ndifanele ukuba ndilunge kuThixo.” Kwaye yathi, “Ndakuhleka. Kodwa,” yathi, “Billy, izinto zitshintshile ngoku.” Yathi, “Ndiyazi ngoku ukuba uthetha ngantoni.”

Ndacinga, “Makabongwe uThixo!”

154 Yathi, “Ndizama ukuxelela abanye ngayo,” kwaye yathi, “bayakuyitshintsha ingongoma bahambe bethetha ngephepha elihlekisayo, okanye into ethile. ‘Owu, ayindim. Lo mfo ulandelayo ungaphaya ekoneni, angafa, nguye olandelayo. Mhlawumbi inombolo yakhe yelandelayo,’” kwaye ingazi ukuba yinombolo kabani elandelayo. Isenokuba yeyakho, ngokuhlwanje, sihlobo. Eli lisenokuba lixesha uThixo akubiza ngalo.

155 UThixo, uMoya oyiNgcwele omkhulu, umi apha ngokuhlwanje, phakathi kokufa noBomi; umi apha ngokuhlwanje, phakathi kokugula nempilo. Ndiyayazi into endithetha ngayo. Injalo lo nto. Kanye ngoku, kwaloo Moya uyiNgcwele uwuvayo ngoku, wonke umntu ozelwe ngokutsha unyanzelekile ukuba awuve la Moya usegumbini. Awukwazi ukuyinceda. Ukuba unabo nabuphi na uBomi, uyazi ukuba Uphaya. Konke kulungile.

156 Indlela njengomazibuthe, xa e . . . Xa umazibuthe omkhulu esiza kufutshane nezinto, iqala ukushukima kwaye irhubuluze, (kutheni?) kokona isondela. Njengomazibuthe omkhulu esehla, apha phezulu, ngaxesha lithile, eHammond, e-Indiana. Ndandibajongile bebutha amasuntsu, emgangathweni. Batsala umphini omkhulu; ukwehla kweza umazibuthe omkhulu. Kwaye baba nazo zonke ezichetyiweyo zitshayelwe kumbindi womgangatho. waye njengoko wayedlula, zonke ezo zichebileyo zenziwe ezabuthelwa kumazibuthe, intsimbi, yenyuka yahamba nomazibuthe, yaphuma. Kwaye bayenza ingabuthi, bayiwise kwi-kupola, kwaye bayibumba kwakhona. Kwakukho i-aluminiyam eninzi echetyiweyo eseleyo. Ndathi, “Kutheni zingahambi?”

Wathi, “Azibutheki kumazibuthe.”

157 Ndathi, “Makabongwe uThixo.” Ndathi, “Kwakutheni ukuze ezi zingezi, apha ezantsi, eli qhekeza lentsimbi?”

Wathi, “Ukuba uyaqaphela, ibotshelelwe phantsi.”

158 Kwaye oko kufana nabantu abaninzi ngokuhlwanje, zihlobo. Ube lilungu lebandla, kodwa awubuthwanga lubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ngoko uvumele into ethile ikubophe, umahluko othile, ukubophe phantsi.

159 Kodwa ngolunye lwezi ntsuku, kukho umazibuthe omkhulu ovela eMpuma, obizwa ngokuba nguNyana

kaThixo, oyakuwutshayela lo mhlaba. Kwaye wonke umntu ofele kuKristu uyakuvuka kunye naYe, aye phaya. Kwaye le mizimba midala iya kumila kumbi yenziwe kumfanekiselo Wakhe, ngokomzimba wozuko Lwakhe Yena, apho siya kuphila ngonaphakade, sikhululekile ekuguleni, sikhululekile ekwaluphaleni, sikhululekile kuyo yonke enye into; naseBuqaqawulini bukaThixo, ukuba siphile eBukhoneni Bakhe obusikelelekileyo ngonaphakade. Amen. Ungakuvumeli oko kukoyikise. Ndiziva ndingowenkolo ngoku. Ndiqinisekile. Konke kulungile.

160 "Kuba ndiyazi ukuba umhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma kulo mhlaba; nokuba iimpethu ziwudlavula lo mzimba, kanti enyameni yam ndiya kumbona uThixo; endiya kuzibonela mna ngokwam; amehlo am aya kubona, ingabi wumbi."

161 Ungacingi ukuba ndiyaphambana. Andinjalo. Ukuba ndinjalo, ndiyeke. Ndonwabe ngakumbi ngale ndlela kunokuba bendiyiyo enye indlela. Ewe, mhlekazi. Ndivumele nje ndihlale ngolu hlobo. Owu, ngokuqinisekileyo, "uyaphambana," kwihlabathi, kuba, ezo zinto ihlabathi lizibiza ngokuba ziphambene, uThixo uzibiza ngokuba zinoyolo. Kufuneka u "lahlekelwe yingqondo," kweli hlabathi, ngokuba (kutheni?) awungoweli hlabathi.

162 Xa uwela loo mgca wahlulayo, uba ngumni woBukumkani bukaThixo. Owu, bethu! Ilunge kangakanani? Ngokuba, uba sisidalwa esitsha, (owu, bethu) utshintshile kule nto uyiyo ngoku. "Ngoku ningoonyana bakaThixo. Ngoku sihleli kunye kwiindawo zaseMazulwini." Hayi, "siya kuba," kwiMillennium. Thina ngoku, ngoku singabantwana bakaThixo. "Ngoku sihleli kunye kwiindawo zaseMazulwini, kuKristu Yesu," hayi ebandleni kuphela, "kuKristu Yesu."

163 INkosi uYesu evusiweyo ilapha. Ulapha ngamandla Akhe. Ulapha emandleni Akhe entlangulo. Ulapha ukwenzela imfuduko. Ulapha ukuzisa lonke ilungu lebandla kubudlelane naYe. Ulapha ukuzisa wonke umoni, nokuba uphantsi kangakanani na, Ulapha ukuzisa amandla ovuko Lwakhe ebomini bakho kwaye akwenze isidalwa esitsha.

164 Apha, kwiminyaka embalwa edlulileyo, zonke iinkolo zehlabathi zadibana, Ndiyakholwa ukuba kwakuseLondon, eNgilani, okanye kwenye indawo. Andikhumbuli ncam. Kodwa, xa bonke babethethela amabandla ahlukeneyo, amaMohammed, namaBhuda, nayo yonke into, omncinci . . . umfo owayemele ibandla lobuNgcwele laseMelika, uJohn Witt, ndiyakholwa, yayiligama lakhe, ke ngoko akuba ethe waphakama, ixesha lakhe lokuthetha, zonke iinkolo zimelwe kule ndibano inkulu, wabalisa ibali likaNenekazi Maccabee, indlela awayephantsi ngayo; wabanjwa e-Oklahoma, enecuba emlonyeni wakhe,

eqhuba i. . .okanye wophula umthetho wesantya, ehamba ezitratweni ngenqwelo-yamahashi. Wayenze izinto ezininzi zokubulala, kwaye zingcolile, kwaye zikhohlakele kakhulu, kwada, xa beza kumfaka itela kwaye bamtshiza, babede bangabinakho nokubeka izandla zabo kuye, besoyika ukuba bangangcoliswa.

165 Wathi akulibalisa ibali ngendlela ekhwankqisayo, de wonke umphulaphuli wayehleli eziphelweni zezihlalo zabo. Wathi, "Manene, eenkolo zeli hlabathi, ingaba unqulo lwenu lunayo nantoni na enokucoca izandla zikaNenekazi Maccabee?" Akukho mntu watsho ilizwi. Watsibela phezulu emoyeni wakhaba izithende zakhe, waqhwaba izandla zakhe. Wathi, "IGazi likaYesu Kristu alinakucoca nje izandla zakhe kuphela, kodwa Liyakucoca intliziyo yakhe." Amen. Injalo lo nto.

166 IGazi likaYesu Kristu liyakuthabatha elona henyukazi liphantsi eLouisville, eKentucky, lize lenze inenekazi, ongcwele ngaye. Iyakukhupha umthengisi-tywala kwindawo esezantsi phaya, lize lenze inene kuye, kwaye ungcwele kaThixo.

167 Zihlobo zam, bemi boBukumkani, amadoda akuthi aseKentucky nase Indiana, najikelele, anicingi, ngokuhlwanje, lixesha lokuba nicinge ngale Nkosi uYesu, phambi kokuba ithuba lakho lokugqibela lithatyathwe?

168 Xana, ubona iBandla liphuma kule mfuduko inkulu, ubone iNtsika yoMlilo ikhokela phambi kwethu; imi, isenza imimangaliso nemiqondiso. Ulapha, ngokuhlwanje, kuwo onke amandla Akhe okuhlangula. Ulapha ukuze aphilise, wonke umoni, ukubuyisa wonke umkreqi. Ulapha ukuze aphilise wonke umntu ogulayo.

169 UyiVangeli egcweleyo. Kwaye sishumayela iVangeli egcweleyo; yidle iMvana iphela. Yose ngoMoya oyiNgcwele, kwaye wazi ukuba ikukutya okulungileyo, kuba uMoya oyiNgcwele usiqondisile ukuba Ilunge kakhulu. "Ngcamla, ubone, iNkosi ilungile. Inenkcasa okobusi elityeni."

170 INkosi yethu uYesu apha, kuthando namandla Ayo, kwiintsikelelo zayo ezinkulu zentlangulo! Owu, indlela Ami ngayo phakathi kwebandla nesono, ngokuhlwanje! Indlela Ami ngayo phakathi kwenu nomgwebo; esopha, ethandaza!

171 Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, ndaya kwindawo apha phezulu e-Ohio, apho ndandisele ndiza kukhupha uluvo lwam lwesigwebo. Ndandisitya kwindawo yokutyela encinci yamaDunkard. Sasinomhlangano omnandi. Kwafuneka ndihlale iimayile eziliqela ngaphandle emaphandleni, kwimotele encinane. Ndandisitya kwindawo yokutyela yamaDunkard; abantu abalungileyo, kwaye bavala ngeCawe baya ecaweni. Kwafuneka ndinqumle ndiye kwindawo encinane eqhelekileyo, eqhelekileyo, yaseMelika ukuze nditye isidlo sam sangokuhlwa.

172 Ndithe xa ndingena emnyango, ekothukeni kwam, kukho ipolisa likarhulumente ingalo yalo igone intombazana, lidlala umatshini wokungcakaza. Ngoku, ukungcakaza akukho mthethweni e-Ohio, kwaye nalapho ummeli ngokwakhe esaphula umthetho. Kwaye mhlawumbi, indoda kwintanga yam, mhlawumbi etshatileyo, enosapho ndaweni ithile; inengalo yayo iwole inenekazi elithile eliselula limi apho.

173 Ndajonga ngasemva ngaphaya kwendawo yokutyela, abanye abafana behleli phaya emva, benxilile, kwaye inenekazi eliselula lingaziphathenga kakuhle kwaphela.

174 Ndajonga, ndihleli phantsi, kwicala lam lasekunene apha, kwindawo yokusithela, apho, bendilungele ukuhlala phantsi, nakuya kuhleli inenekazi elisele likhulile, elimalunga namashumi amahlanu anesibhozo, amashumi amathandathu eminyaka ubudala, ubudala njengomama wam; lihleli apho, ulusu lushwabene, nempahla encinci encikane. Kwaye, owu, kwakukubi kakhulu. Kwaye iinzipho zalo zipeyintwe mfusa, imilebe yalo ipeyintwe mfusa, owona mbono ukhangeleka ngokoyikekayo wakha wawubona. Iinwele zalo zichetywe zaba mfutshane kakhulu kwaye zaba ngumqukumbelo *ngolo* hlobo. Kwaye lalisela.

175 Phaya kuhleli amadoda amabini naye, ehleli phaya, ekhangeleka ngendlela eyoyikekayo, enxilile, kwaye enye yawo ilele ngaphaya kwamacwecwe etafile. Bakuba ke bezixolisele, baphuma baya egumbini lokuphumla . . .

176 Ndema phaya. Ndacinga, "Owu Thixo, Unokuyimela njani? Ungayijonga njani into enjalo? Xa, nasentliziyweni yam, kwaye ndimbi njengokuba ndinjalo, noko, nangoko ndiyamangala ukuba uSarah wam omncinane noRebekah kuyakufuneka ukuba bakhule kweso sizukulwana ukuze babone oko kusenzeka. Nkosi, kutheni na ukuba Ungawucimi nje usuke phezu komhlaba?" Ndacinga, "Kutheni ungakwenzi nje, Nkosi?"

177 Ndahlala phantsi ndavele ndalila. Ndabona umbono. Ndabona, njengoko kwakunjalo, ihlabathi lijikeleza emoyeni, kwaye kwakumi umnyama ujikeleze elo hlabathi. Kwaye umntu owayethetha nam, wathi, "Elo liGazi likaYesu Kristu, kwihlabathi jikelele, eliMgcina angolonakalisi. Ukuba uThixo uyasibona isono, 'mhla uthe wadla kuwo, uya kufa ngaloo mini.' Wonke umntu ophantsi kwelaGazi phaya, une . . . unelungelo lokuzikhethela, lokuthatha ukhetho lwakho. Kodwa ukuba ukhe wafa, kwaye umphefumlo wakho uphaphazele ngaphaya kwenceba yelo Gazi, sele ugwetyiwe phambi kokuba ufike khona. Akukho nto iseleyo kuwe."

178 Ngoko ndazibona. Ndayibona iNkosi yam uYesu imi apho, inesithsaba sameva entlokweni yaYo, neenyembezi zisihla, zixutywe negazi, njengoko lalihlanjwa kwiindevu Zakhe. Kwaye ndazibona izono zam zisiza phambi Kwakhe, kwaye ngalo lonke

ixesha zazisiza phambi Kwakhe ngolo hlobo, [Indawo engenanto eteyiphuni—Mhl.] . . . wade Washukuma. Ameva ayenokuhlaba ebunzi Lakhe, ngakumbi. Wayebuya egxadazela. Ubeya kuthi, "Bawo, mxolele, akayazi into ayenzayo." Kwaye kwakhona bendiyakwenza into, kwaye iGazi Lakhe lalifana nebhampa emotweni, likhusela imoto, Into endikhuselayo kwingqumbo kaThixo, ndingongafanelekanga.

179 Ndaze ndeza kuYe, kancinci, ndaguqa kuYe. Ndathi . . . Ndajonga ezantsi phaya, kulele phambi kwam, kwaye kwakukho incwadi endala yesono, negama lam libhalwe kumphezulu. Ndathi, "Nkosi, Uya kundixolela na?"

180 "Ngokuqinisekileyo," Watsho ngamehlo anothando; wafikelela ecaleni Lakhe, wafumana iGazi laphuma, wabhala kuyo, "Uxolelwe." Waze wayiphosa emva kuLwandle lokulibala. Wathi, "Ngoku . . . "

Ndathi, "Enkosi, Nkosi."

181 Wathi, "Ngoku, ndiyakuxolela; kwaye uyamgweba." Owu, loo nto yawutshintsha umfanekiso, kum.

182 Ndi—ndiphuma kuwo. Ndaya apho ndahlala phantsi kulo, ndaqalisa ukuthetha. Kwaye laliphila ubomi obunzima ngasemva kwalo. Ndathi, "Ingaba awuzange ube ngumKristu?"

Lathi, "Ndakhuliselwa kwikhaya lamaKristu."

Ndaze ndathi, "Kwenzeke ntoni?"

183 Wandixelela ngokungahambi kakuhle nomyeni wakhe, nendlela abantwana, nanjalo njalo. Ndathi, "Konke, kuyo yonke le minyaka, awuzange uphile ngoxolo oko wadibana noThixo?"

Lathi, "Mhlekazi, yinyaniso leyo."

Ndathi, "AwungeMamkeli ngoku?"

Lathi, "Angandithatha Yena?"

Ndathi, "Uyankqonkqoza entliziyweni yakho ngoku."

184 Laze laphuma kuloo ndlu, khona phaya emgangathweni, laze laguqa phambi kweso sihlwele sabantu; oomatshini bokungcakaza bema, iziqalekiso ezikrwada zayeka, nayo yonke enye into. Ndaza ndaziphakamisa izandla zam, nezandla zam . . . nezo zandla zihlwempuzekileyo zishwabeneyo, ndamkhokelela kuYesu Kristu. Injalo lo nto. Yiyo loo nto, zihlobo. Musa ukujonga . . . UYesu . . .

185 Andikhathali nokuba wenze ntoni na, zimnyama kangakanani na izono zakho, ukuba budyobheke kangakanani na ubomi bakho; UThixo umile, ngobubusuku, enkqonkqoza kucango lwentliziyo yakho, ukuze akuxolele, akunamsebenzi nokuba ungubani na.

186 Masithobe iintloko zethu umzuzu. Dade, yiza kwi-organ apho, ungeza?

187 Bawo waseZulwini, owu, ndiyathandaza ukuba Ukwenze nje ngoku. . . ngelixa uMoya oyiNgcwele eshukumayo esakhiweni. Masifune kuqala uBukumkani, ukuze sifumane ubabalo kuWe, ngoko ndiyakholwa ukuba Uyakuphilisa abagulayo. Kodwa kanye ngoku, Bawo, ngelixa ndivakalelwa kukuba kukho omkhulu, onzulu umdla kunye nokugwebeka, abantu besazi ukuba iBandla Lakho likwimfuduko, kwaye siya phambili ukuya eMgwebeni. Ekungazani kodwa, kusasa, umntu unokuza ecaleni kwebhedi, kwaye nanko silele, simkile. Ngeli xesha, ngomso ebusuku, mhlawumbi kwindawo yogcino-zidumbu kwindawo ethile, kwaye imiphefumlo yethu phaya ngaphesheya kwinguNaphakade.

188 Owu Thixo, le isenokuba yiyure yokugqibela! Eli isenokuba lithuba lokugqibela umntu aya kulifumana. Abaninzi, ngokungathandabuzekiyo, bahleli apha, amadoda nabafazi, ababenqwenela, abathe baphila nje ubomi obulungileyo obuqhelekileyo, kodwa abazange bazalwe ngokutsha, abayazi ukuba kuthetha ukuthini ukuzaliswa nguMoya oyiNgcwele, ubomi obunikelwe ngokupheleleyo; kunye nawo onke amatyathanga, iintloni, asuswe kubo, aze uMoya kaThixo ababhaptizele kwinceba Yakhe.

189 Bawo, Othandekayo, Awungekhe, ngobubusuku, eGameni loMntwana wakho oyintanda, uYesu, ngena kuzo zonke iintliziyo kwaye uthethe ngoku? Kwaye ngamana bona, ngobulula bentliziyo yabo, bangaphakamisela kuWe iingcinga zabo, baphakamise intliziyo yabo, bathi, "Ndilapha, Yesu. Ndithabathe ngoku, njengokuba ndinjalo, kwaye undibumbe undenze into eyahlukileyo. Ndenze uhlobo lwendoda Ongathanda ukuba ndibe yiyo. Kubo bonke ubomi bam, uthethe nam. Uthethile nam. Uzamile ukundenza ndenze okwahlukileyo. Uzamile ukundenza ukuba ndenze olwanikezelo. Kodwa ngoku imini iphelile, Nkosi, ngam, kodwa ndilungele ukuza ngoku." Siphe oko, Bawo. Ngelixa inceba ibiza, phambi koMgwebo; imfuduko yeBandla, liyayishiya iYiphutha; banga bangeza, bahambe kunye neqela elikhulu, ababizelwe ngaphandle. Sikucela eGameni Lakhe.

190 Kwaye ngeli thuba iintloko zethu zithotyiwe, namehlo evaliwe, namaKristu ethandaza, Andazi nokuba ungasiphakamisa na isandla sakho, uthi, "Mzalwana uBranham, ndikhumbule. Ndi—ndiyakholelwa ukuba onke amazwi owathethayo yiNyaniso ngoYesu Kristu. Kwaye sonke kufuneka sizaliswe nguMoya, kwaye, andizaliswanga, okwangoku. Ndibe ndililungu lecawa." Okanye, mhlawumbi awuzange ubelilo, konke konke. Mhlawumbi ube ungumoni, awuzange umamkele uKristu. Okanye, ube lilungu lebandla, kwaye awukhange uzalwe ngokutsha. Ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham, emthandazweni wakho. Ndifuna ukulunga."

191 UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, nawe, nawe, wena, wena, nawe; mzalwana wam; nawe, dade; nawe, mzalwana; wena, wena, wena, mzalwana, dade, ndiyakubona.

192 Ngapha ngasekhohlo kwam, bangaphi apha? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham, ndifuna ukuzalwa."

193 Ngoku, khumbula, uMoya oyiNgcwele uthetha nawe. Ukuba ndisisicaka sikaThixo, ndiyazi, ngokuqinisekileyo njengoko ndimi kweli qonga, ukuba uMoya oyiNgcwele uthetha neentliziyo apha. Zihlobo, ndisenokuba ngumntu ongaqhelekanga kuni, kodwa andingomntu ubaxayo. Ndiyayazi into endiyithethayo; ukuba ndiyazi ukuba yintoni ingxaki yakho phaya, nokuba siyintoni na isifo sakho, kwaye uThixo uyawuva umthandazo wam ngenxa yakho . . . Kwaye kanye apha kwesi sakhiwo kuhleli abantu abaphilisiweyo, ngomhlaza, nobumfama, nezithulu, neziqhwala, nayo yonke enye into, khangela kwimihlangano ehlabathini jikelele. Kuthekani ngawe ngoku? Kuthekani ngayo ngoku? Ukuba uyakuwuva umthandazo wam ngaloo nto, Akayi kuwuva umthandazo wam ngenxa yemeko yomphefumlo wakho? Ukuba Uyakutyhila kum apho ikhoyo ingxaki yakho, Akayi kundityhilela ngoku ukuba iphi na ingxaki yakho, kananjalo?

194 Bangaphi abanye abaya kuphakamisa isandla senu, nithi, "Mzalwana uBranham ndikhumbule. Ndifuna, ngeli xesha, ucele uThixo ukuba abe nenceba kum"? UThixo akusikelele, nawe, nawe, wena, kwakhona. Owu, bethu, nje kulo sonke isakhiwo, kuyo yonke indawo!

195 Ngelixa nithobe iintloko zenu, Andazi ukuba wena, osiphakamisile isandla sakho, ube nobabalo nje olongezelelekileyo, uthi, "Nkosi, ndibenobabalo olwaneleyo lokuba ndiphakamise isandla sam, ndinike ubabalo olwaneleyo lokuba ndiphakame ngelixa ethandaza. Ukuba Uyandizela, phambi kokukhanya kwelanga, Nkosi, lo ngumqondiso wam kuWe, wokuba ndifuna ukulunga. Ndifuna ukudibana naWe ngenye imini. Olu khohlokhohlo luyakuvela kwaye ndiya kuya ekufeni. Ugqirha uya kushiya ibhedi yam; akukho nto yayinokwenziwa. Ngoko, Thixo, yiba nenceba emphefumlweni wam. Ngeli xesha iinkungu zokufa ezibandayo zindanda egumbini, yanga inqanawa yakudala yaseZiyon ingafika, indithwalele imke nam. Ndizakuma, Nkosi. Kuthatha ubabalo oluninzi, kodwa kukho iNto endishukumisayo. Ndimile." UThixo akusikelele, mzalwana.

196 Omnye uya kuma, athi, "Ndimile, Nkosi." UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, mzalwana, dade. Hlala nje umile. Wonke umntu ofuna ukukhunjulwa kulo mthandazo, ukusindiswa komphefumlo wakho, ungema. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, mfana. UThixo akusikelele,

mhlekazi. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, dade wethu. UThixo akusikelele, dade; wena, mzalwana.

197 Omnye ame ngoku athi, "Ndilapha. Mzalwana uBranham, andimi phambi kwakho, Ndimi phambi koThixo. Into ethile indixelele ukuba mandiphakame, ndaze ndema." Ingaba uyakuyenza? Yima nje ngeenyawo zakho. Mthathe nje uThixo kangaka. UThixo akusikelele, nenekazi.

198 Kukho okungakumbi. UThixo akusikelele, nenekazi. Injalo lo nto. Umama olusizana ebambe usana lwakhe oluncinci ezama ukuphakama, iinyembezi zigcwele amehlo. Awuyi kuza? Phakama kwakhona. UThixo akusikelele, nenekazi, inenekazi elisele likhulile laphakama phaya, kwaye elisele likhulile ngenene, esazi ukuba umelwe kukujongana noThixo, ngolunye lwezi ntsuku. UThixo akusikelele. Ngubani oza kuma ngokulandelayo, athi, "Ndiza kuma"?

Hlala nje umile ukwenzela umthandazo.

199 Omnye umntu? Ndiva ngathi kukho omnye umntu ofuna ukuma. Mhlawumbi ufuna nje ukusondela kancinci. Musa ukuyibeka bucala kwakhona. Yima nje. Ingaba uya kuyenza? Nina nifuna ukusondela ngakumbi kuThixo. UThixo anisikelele. Injalo lo nto. Ingaba umntu . . . UThixo akusikelele, nenekazi. Ewe, mhlekazi.

200 Ubuncinci kukho abantu abathathu, ndijonge ngqo kubo, kufanele ukuba bamile, kuba nantso iNgelosi kaThixo imile. UThixo akusikelele, nenekazi. Injalo lo nto. Ngoku, kulungile, mzalwana, uthini ngayo? Konke kulungile. Kwaye, iNgelosi yeNkosi imile, ndiyazi. NdiyaYibona, kwaye ndiyazi ukuba kukho umntu omelwe kukuma khona ngoku. Ndizakulinda umzuzu nje. Wanga uThixo . . . Uyazi ukuba ucinezela entliziyweni yakho. Ume apho, sihlobo. NguYe lowo ukuxelela ukuba uphakame. Awunakuyenza? Yima nje wamkele Yena, kanye ngoku. Konke kulungile.

201 Uqinisekile ngoku? Ukuba uThixo angakubiza ngokuhlwanje, kulomhlangano; le ntshumayelo, esi simemo, siyakuhlangana nawe ngaphesheya xa usifa. Wenze ntoni ngaloo nto? Ukuba awuqinisekanga, ngokuqinisekileyo, yima ngoku, ukuze Abone ukuba ufuna ukwamkela, ukuhamba ekuKhanyeni.

202 Ngoku, Bawo wethu waseZulwini onobubele, aba bantwana Bakho abathandekayo, iintliziyo ezithambileyo, iLizwi liwele ezintliziyweni zabo ngobubusuku. "Ukholo luza ngokuva, nokuva iLizwi." Kwaye Ubunakho ukuva. Kwaye Uthambise intliziyo zabo, abaninzi bemile, amadoda nabafazi, amakhwenkwe namantombazana, bavuma Wena njengoMsindisi wabo othandekayo kunye neNkokeli.

203 Kwaye yanga iNgelosi kaThixo, Ekhoyo ngoku ngokuhlwanje, yanga Ingabakhokela kubomi. Banga

bakhokelwa eKhalvari kanye ngoku, ezintliziyweni zabo, baze bamkele uYesu njengoMsindisi wabo. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele, ngeGazi likaKristu, ungehla phezu kwemiphefumlo yabo, akususe konke ukungakhathali, kwaye ubagcwalise ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwanga oku ingaba bubusuku obukhulu ebomini babo. Siyazi ukuba bubo, kuba ngokuhlwanje bayaKwamnkela. Siphe oko, Nkosi, kanye ngoku. Kwaye banga bangagoduka besuka apha, ngokuhlwanje, bonwabile bevuya, bedumisa uThixo, ngentliziyo yabo yonke. Ndithandaza le ntsikelelo ngeGama likaYesu Kristu.

Ngamana iNkosi ingakusikelela njengoko nihlala.

204 Makhe ndikubuze ngoku, ngamnye kuni abaye bama, kwaye niyazi ukuba kukho into eyenzekileyo kuni ngelixa benimile, phakamisa isandla sakho. Phakamisa nje isandla sakho, uyayazi ukuba kukho into eyenzekileyo. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Injalo lo nto. Kunyanzelekile, zihlobo. Imele kukuba njalo. Ndime, ndibona apha kanye ngoku, kwa iNgelosi enye endithetha ngayo, inqumla kanye kwesi sakhiwo silapha; kwa iNgelosi enye yeNkosi, iNtsika yoMlilo. Bendishumayela kwimizuzu emihlanu okanye elishumi edlulileyo, phantsi kwaloo mpembelelo. NdiyaYiva ngokuvakalelwa, ndiYibona ihamba nje kwesi sakhiwo. Ngoku, usenokucinga ukuba ndiyabalisa kuwe, kodwa yiNyaniso.

205 Ngoku, andicingi ukuba ndiyakude ndibize umgca wokuthandazela. Ndicinga ukuba ndizakuma kanye apha ndicele nje uThixo ukuba aqinisekise ukuba ndinixelele iNyaniso, injalo lonto, ngemiqondiso, nezimanga.

206 Bangaphi apha abafuna ukuphiliswa, abantu abagulayo? Phakamisani izandla zenu, naphi na apho nikhoyo. Phakamisa nje isandla sakho, uthi, "Ndiyayamnkela." Konke kulungile.

207 Ndifuna ukhangele, uphile, kwaye ukholwe. Umntu othile kwaba baphulaphuli, ukuphumela *apha*, umntu ukuphumela apha, khangela nje, kwaye uthi, "Nkosi Yesu . . . "

208 Ngokufana noku. Ndiyakholwa, isizathu sokuba ndenze ubizo lwesiguqo kuqala, simelwe kukufumana ubabalo kuYe. Le yinto entsha kum. Ndimelwe kukufumana ubabalo kuYe, kuqala. Emva koko ukuba ndifumene inceba, kwaye ndenze ubabalo . . . Kwaye wena, iqela, okanye emibini, imiphefumlo iza kuYe kanye ngelo xesha. Ngokuqinisekileyo, ngokuqinisekileyo . . .

209 Ngoku nina, mntu ngamnye kuni bantu beze kuKristu, ngoko, fumanani ibandla elilungileyo elizaliswe nguMoya oyiNgcwele niye kulo. Kwaye phaya funani ubhaptizo Lwakhe nide nibe niWufumene; hamba nje, ubusuku ngabunye, yonke imihla, qhubeka nje uthandaza. Kwaye xa ukhangela . . .

210 Ngoku kuni bantu bagulayo, ukuba ndinixelele iNyaniso, uThixo uyakungqina ukuba yiNyaniso. Injalo lo nto. Kuphela

onokuyenza. Kwaye uThixo uyakuyenza yaziwe, ukuba uyakuthandaza nje ukholwe ngentliziyo yakho yonke. Jonga nje, kwaye uthethe oku . . .

211 Xa iNgelosi yeNkosi yadibana nam phaya eGreen's Mill, e-Indiana, kwiminyaka esibhozo eyadlulayo, emveni kwasekubeni ndingumntwana, indilandela, ibonisa imibono, xana ndaya kuYe, Wathi, "Ukuba uyakunyaniseka, wenze abantu bakukholelwe, akukho nto iyakuma phambi komthandazo."

212 Ngoku, Wayenokwenzela kwaloo nto inye nakuwe ngoku Awayenokukwenza ngoko. Uvukile kwabafileyo. Kwaye Yena . . . phaya isihlwele silapho phandle phambi Kwakhe. Uyayazi yintoni ekhoyo kuni nonke, into eniyenzileyo, yintoni ingxaki yenu, yonke into ngayo. Uyayikholelwa loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoko yikholelwe ngentliziyo yakho yonke.

213 Ndiqaphela umfana ohleli apha, ekholwa, ezama, enokholo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakundazisa ukuba yintoni engalunganga nawe? Uyakholwa? Ukuba Uyakwenza, uyakwamnkela ukuphiliswa kwakho? Ubenengxaki yentliziyo. Ingaba oko akunjalo? Ungathini ukuba bendikuxelele ngoku ukuba uphilile kuyo? Ingaba unokuyikholelwa? Yima ngenyawo umzuzu nje. Unentliziyo aphakuphaku, kunye nentliziyo embombozelayo. Ikukhathazile ixesha elithile. Ixesha ekuphela kwalo . . . Xana ulala phantsi, nawe, iyakongamela, kwaye ube nokubetha kakhulu emva naphambili, ukuphaphazela. Ingaba oko kunjalo? Kuba, ibangela ukuqunjelwa esiswini sakho, kuphuma kuloo mthambo. Ingaba oko akuyonyaniso? Awusayi kuphinda ukhathazeke ngayo. Gcina nje oko unako ngoku; ungagoduka uphile.

214 Andifundi ngqondo yakho. Ndingumntu wasemzini ogqibeleleyo kuwe. Uyindoda nje ehleli apho. Ingaba oko kulungile? Andizange ndakubona ebomini bam, kwaye andizange ndazi nto ngawe. Ingaba yinyaniso leyo? Kholwa ukuba iNkosi ilapha!

215 Ngeliphandle, mfana, ndifuna ukukubuza into, kwaye ubone ukuba oku kuyinyani na okanye hayi. Kanye kwimizuzwana embalwa edlulileyo, ngequbuliso, into engaqhelekanga ifika phezu kwakho xana ndiqala ukuthetha malunga "ulwamvila luphumile kumnqoli." Ingaba bekungenjalo? Yayingeyiyo imvakalelo engaqhelekanga owawunayo, uhleli apho? Ingaba oko akunjalo? Kwaye awukhange ujonge kum kwangelo xesha, kwaye amehlo am akubambe ngaxeshanye? Kungelo xesha owaphiliswa ngalo, ngengxaki yentliziyo, kanye apho. Amen. Oko kuchanekile. Ulapha.

216 Andifundi ingqondo yenu, zihlobo. Ndithetha iNyaniso kuphela, kwaye uThixo uyayingqinela ukuba iyiNyaniso.

217 Ucinga ntoni malunga nayo, uhleli phaya ecaleni kwakhe? Uyakholwa? Uyakholwa ukuba ndingumprofeti kaThixo? Uyakholwa ukuba uThixo . . . Wena uhleli ngaphambili, apha kwisitulo esingaphambili, eso sisizathu sokuba ndithethe nawe kakhulu, uMoya emva phaya, undingqongile. Kodwa uyakholwa, ukuba ndinokunxibelelana nomoya wakho, uThixo uyakutyhila into engalunganga? Ungakwamnkela ukuphiliswa kwakho? Unesifo seswekile. Ingaba oko kunjalo? Phakamisa isandla sakho ukuba yinyaniso leyo. Yima ngeenyawo. Uyayamkela impiliso yakho ngoku? Yanga iNkosi uYesu Kristu ingakwenza wonke uphiliswe. UThixo akusikelele.

218 Yibanokholo. Umntu othile *apha* okholwayo. Yiba nokholo, ngentliziyo yakho yonke.

219 Ndibona umfana ehleli apho enxibe isuti eluhlaza. Nantsiya Imi kanye phezu kwakhe. Unesifo solusu, akunjalo, mfana? Ingaba akunjalo? Yima ngeenyawo zakho. Owu, ndiyabona, ukunye naba bathunywa. Ingaba oko kunjalo? Ke, ufuna ukuya ekhaya uphilile? Phakamisa isandla sakho uthi, "Nkosi Yesu, ngoku ndiyakholwa ukuba iNgelosi yeNkosi iyakhokela. Kwaye ndiyakholwa ukuba ndiphilisiwe."

220 Ucinga ntoni ngayo, indoda elandelayo kuye phaya, uyakholwa, nawe? Yima ngeenyawo zakho umzuzu, ukuze ndikujonge. Uyakholwa ukuba ndingumkhonzi kaThixo; ngentliziyo yakho yonke? Uyafuna ukudlula kulaa ngxaki yentliziyo? Yiloo nto obunayo, akunjalo? Yiloo nto wena "*obu*," Ndithe. Awunayo ngoku. Ungagoduka, nawe.

221 Indoda elandelayo kuye, ucinga ntoni ngayo, mhlekazi? Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa ukuba ndingumprofeti kaThixo? Yima ngeenyawo. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku? Ubunovalo. Ingaba oko akunjalo? Yabona? Ingaba oko kulungile? Phakamisa isandla sakho. Ungagoduka uphilile ngoku. UYesu Kristu uyakuphilisa.

222 Kuthiwani ngendoda elandelayo, yima, ezantsi emgceni, uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Yima ngeenyawo. Uyakholwa ukuba ndingumprofeti kaThixo, ukuba ndingumkhonzi Wakhe? Uyakholwa ukuba Uyakundixelela ukuba yintoni na undonakele kuwe, ukuba uyakwamkela ukuphiliswa kwakho? Isemqaleni wakho. Ingaba oko kulungile? Yiya ekhaya uphile, eGameni likaYesu Kristu.

223 Nabani na ongomnye kwesi sakhiwo, ofuna ukwenziwa aphile, angaphakama aze aphiliswe. Ukuba uye wandikholelwa, njengomkhonzi kaThixo, yima ngeenyawo zakho. UThixo akusikelele. Ingxaki yobufazi, umhlaza, nantso isimka. UThixo makabongwe! Nonke kuni, phakamisani izandla zenu kuThixo.

224 Bawo wethu waseZulwini, ngoku ndiyasigweba sonke isifo sesi sakhiwo, ndikhupha wonke umoya ongendawo, kwaye

wanga uMoya oyiNgcwele angathabatha ngoku aphilise wonke umntu.

225 Beka izandla zakho phezu komnye, kwaye uthi, “Dumisa iNkosi,” yonke indawo. Kwaye gcobani nivuye, ngokuba uYesu Kristu ulapha, iMvana kaThixo, ukuze aniphilise, nonke.

54-0329 Intlangulo Ngamandla
e-Church Of The Open Door
e-Louisville, e-Kentucky U.S.A.

XHOSA

©2025 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org